Ndimenzeni Na
UYesu Ekuthiwa NguKristu?

INkosi ikusikelele, Mzalwana Vayle. Bhotani, zihlobo. [Ibandla lithi, “Bhota kusasanje, Mzalwana Branham.”—Mhl.] Ndihlala ndifika emva kwexesha njalo. UBilly ebendixelela ukuba ndiyakuba, ngale ntsasa, kwaye ndinamalunga namashumi amathathu odliwano-ndlebe labucala, kwaye sendiqhube isibini salo, ngoko, ndiyakholwa sisibini okanye isithathu. Ngoko andinako nje ukufumana wonke umntu, uyazi, baye abantu balindile, babe kudala belindile kuludwe iinyanga ngeenyanga. Yaye iNkosi ibisenza izinto ezinkulu phaya ngaphakathi. Ngoku, Yona—Yona nguThixo wethu. AyinguYe? [“Amen.”]

2 Ngoku ndiqinisekile, ngale ntsasa, ukuba sonke siyaluqonda usizi olukhulu olwenzeke kwesi sizwe, ukulahlekelwa nguMongameli wethu, uMnu. Kennedy. Nakubeni bendingavumelani naloo ndoda kwezombuso zayo nonqulo lwayo, kodwa nangoko akafanelwanga kukufa ngolo hlobo. Hayi. Aze ashiye abo bantwana bancinane bodwa, bengenatata. Kwaye umama ongu . . . Nkosk. Kennedy, ndicinga ukuba ngenene andinakuvumelanana naye, nendlela yakhe nezinye izinto, mhlawumbi, kodwa, khumbula, ungumama. Ulahlekelwe nje ziintsana zakhe, waze walahlekelwa ngumyeni wakhe. Kwaye yena uye wawa kanye emathangeni akhe, laze igazi lomyeni wakhe lagaleleka phezu kwamathanga akhe. Yinto eyoyikekayo leyo.

3 Wakhe wacinga . . . Ngamanye amaxesha sicinga ukuba nguye obekela isizwe isantya, kwindlela zokunxiba nezinto ezinjalo. Kusenokuba kunjalo, futhi. Kodwa ubusazi ukuba, uNkosk. Kennedy akazange ave nomnye kule Miyalezo ndishumayela ngayo malunga naloo nto. Ukuba usenokuva omnye waloo Miyalezo, usenokwenza ngokwahlukileyo. Kwaye abanye boodade bethu abawuvayo, kwaye abakafuni kuphila ngokulungelelana nawo. ’Yabona? ’Yabona? ’Yabona? Wakhuliswa njengomKatolika; nantso kuphela into ayaziyo. Kungekho nto ichasene noko, ’yabona. Yena . . . Yinkqubo leya. Akukho nto ichasene nabantu, abantu abangamaKatolika. Yinkqubo leya, inkqubo yobuKatolika, kanye njengomRhabe, umWisile, okanye nabanye bonke. ’Yabona, okanye owakwaMoya, nayiphi na kuzo. Yinkqubo, hayi abantu.

4 UMnu. Kennedy, ndiyacinga, wenze u—umsebenzi olungileyo ukuba nguMongameli. Kwaye intliziyo yam iyavelana nenkosikazi yakhe. Ndiva ndinosizi kakhulu

malunga naloo nto, kuba nesizwe sethu ngokwaso siyakubanjalo, izigebenga nezinto ezinjalo kwisizwe sethu, singayenza into elolo hlobo.

5 Ukuba awunandlela yokungavumelani nomntu, kulungile, uthabathe eyakho into onokuyimela; kwaye akukho sizathu sakumbulala omnye umntu, ngenxa nje yezinto ezilolo hlobo. Babe abantwana abancinane besazi, bathi, omnye umfo omncinane uthe, “Ngoku andisenamntu ndinokudlala naye kwakhona. UTata umkile.” ’Yabona?

Ngoko bendihleli ndicinga ukuba iyakuba yimo yam leyo, ngamhla uthile. Seyiphantse yenzeka loo nto kumaxesha aliqela, njengokuba nisazi, ngokudutyulwa kwizizwe zasemzini; xa kwanyanzeleka ukuba babeke imizimba yabo phezu kwam, bandigcine ekubeni ndidutyulwe, ngokusuka ngaphaya.

6 Ngoko ukuba indoda ifa ngolo hlobo . . . Kodwa, elo li—lixabiso elihlawulweyo, lona luhamba nozuko nezinto ezahlukeneyo. ’Yabona? Ndiyacinga ukuba singaqikelela malunga naye wonke uMongameli wesine, omnye kwabane, uyagwinta, kwaye ndiva kabuhlungu kakhulu ngaloo nto. Lihlazo ukuba sibe nomntu ololo hlobo eMelika, onokwenza into enjengaleyo.

7 Kwaye ngoku, be—bendingavumelani nezopolitiko zakhe. Ndi . . . Andingekhe, bendingavumelani neembono zakhe zento ebezama ukuyenza. Kodwa, uyabona, uyenye indoda. Bendingavumelani nenkqubo yakhe yonqulo. Ngo—ngokuqinisekileyo bendingavumelani naloo nto. Kodwa, nangoko, wa—wakhuliswa ngolo hlobo. Yi—yiloo nto ebekuyiyo. Njengokuba benditshilo, mhlawumbi ukuba wayeve into eyahlukileyo, ngekwahlukile.

8 Sine—sinento esiyenzayo apha, yokuba nanini na omnye kubantu bakuthi esifa, okanye into ethile, nokuba kungaphandle . . . Ndiyacinga ukuba njenge—ngenkonzo yaseMelika, njengomzimba wamaMelika . . .

Abantu baseMelika bamvotela uMnu. Kennedy ukuba angene abe nguMongameli. Kwaye loo nto yayi . . . Naso isizathu sokuba sibe nedemokhrasi. Andizange ndimvotele uMnu. Kennedy. Ndavotela uMnu. Nixon, kuba ndandimazi uMnu. Nixon, ebusweni. Kwaye ndi—ndimthanda, yaye nda—yaye ndavotela yena, buqu, ngokuba ndandimthanda. Kodwa abantu beli lizwe, amaMelika, abemi besi sizwe kunye nam, banyula uMnu. Kennedy. Kwaye indlela abayenza ngayo loo nto, ilungile, oko kuphakathi kwabo noThixo, kodwa oko kukangako nje.

9 Kodwa ndiyacinga, ngenxa yalo mama, umntu ophilayo, unina wabantwana, uNkosk. Kennedy, singakhe sime umzuzwana simthandazele?

10 Nkosi Yesu, thina bantu baphilayo, sinovelwano omnye nomnye. Kwaye silusizi, Nkosi, ukuba uMongameli wethu abe udutyulwe wawa ngendlela ebekwenzeke ngayo, ngokuphalazwa kwegazi kobugwinta. Kwaye silusizi kakhulu ukuba isizwe sethu sibe sifikelele kule ndawo, yokuba abantu abanjengalowo babe ba—baphakathi kwisizwe sethu, abanokubulala umntu ngempalalo yegazi yobugwinta; njengokuba badubula laa mzalwana womntu ontsundu kungekudala, baze bamdubula nje wawa ngokuphalaza igazi, ngenxa yekratshi lobuhlanga. Silusizi ukuba kubekho abantu abanjalo phakathi kwethu, Nkosi. Thina, ubuthathaka bethu, bubo obuzise le nto.

11 Kwaye siyamthandazela uNkosk. Kennedy, laa nkosikazi yoku, kaMongameli. Sisazi ukuba ezoo ntsana zincinane zikhangele kowazo—kowazo uyise, othe wazishiya kwiintsuku ezimbalwa ngaphambi koko, indoda eyonwabileyo, ebibambana idlala nabo emgangathweni. Ngoku abanayise. Kwaye ngenxa yalo mfazi . . . inkosikazi yakhe, into yokuba umyeni wakhe kanye awe emathangeni kuye, lize igazi lakhe liphalale phezu kwelokhwe yakhe; lilugquma nje usana lwakhe.

12 Kwaye nangoku, Nkosi, sise nokukholwa ukuba lo mfazi ebekwinto ephosakeleyo, ya—ya—yaloo ndlela ebenguye omisa isantya esizweni, ngokunxiba kwakhe nezinto ezinjalo; kodwa oko—oko kusenokuba ngabantu baseMelika, bebonke, bona, yiloo nto abayifunayo. Ngoko si—siyamthandazela, ngale ntsasa, ukuba Umncede. Kwaye kwanga kungakho ixesha kweli thuba linzulu lokuzila lokuba afumane oko kuyiNyaniso, uYesu Kristu! Siphe oko, Nkosi, Yena Lowo ikuphela kwakhe onika uxolo nentuthuzelo kwiyure yethu yokuhlupheka.

13 Kwaye sincede, Nkosi, uqhubele phambili ukuba njalo, kwiintliziyo zethu zonke, ube kukukhanya okubengezelayo, kuba asazi ukuba kuxesha nini na okanye mpembelelo ni na le esinokuthi sibe yiyo komnye umntu. Senze sikhanyise ukuKhanya kukaKristu ade Abuye. Ukuze ke uMalusi oMkhulu womhlambi, Owazi bonke ubulungisa, azise sonke isono kwimpindezelo, kwaye Yena uyakwazi nje ukuba uyakukwenza njani na oko. Kude kube ngoko ke, siyazinikela ezandleni zaKho, ngenxa yothando lwaKho nenceba iphezu kwethu. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

14 Ewe, andicingi ukuba kukho umntu omelwe kukufa ngolo hlobo. Ngoku, uMnu. Lincoln wayengafanelwanga kukufa ngolo hlobo. UMnu. McKinney wayengafanelwanga kukufa ngolo hlobo, uHuey Long wayengafanelwanga kukufa ngolo hlobo; namnye kwabo bafo. Andiyikholelwa loo nto. Izigwinta, yinto embi leyo. Abafana bethu abazange balwe phesheya kolwandle belwela into enjeya. Iflegi yethu ayizange

iphakanyiselwe into enjeya. Asingobemi baseMelika ngenxa yento enjeya. Hayi. Nangona, isizwe sethu sijijeke sajijelwa esonweni, yiloo nto—yiloo nto eyenza ezi zinto. Sisono.

15 Ngoku, namhlanje sine . . . Ndizakufundisa isikolo seCawe, nezinto ezimbalwa endithanda ukuzichaphazela ebandleni. Kwaye ezo zezi, into yokuqala, ndingathanda ukucela uxolo kuni ngokunigcina ixesha elide kangaka ngeentsaza zangeCawe xa ndiqhuba le Miyalezo. Kwaye ukuba iNkosi ithandile . . . Isizathu sokuba ndenze oku, kungokuba ndi—ndilapha phakathi kwabantu bakuthi ndaye ndi—ndinifundisa imfundiso ngokungqongqo kangangoko ndaziyo ukuba kwenziwa njani na. Andizifundisi ezi mfundiso phaya phandle kwezinye iindawo. Ndimanje kwi—kwizinto eziphambili zeziseko zeVangeli. Kodwa ezi mfundiso zingqongqo, a—andizifundisi phaya phandle kwe—kwezinye iindawo. Ke ngoko, apha, kundithabatha iyure, ngamanye amaxesha, zibe mbini okanye iiyure ezintathu, ukuba ndigqibe uMyalezo wam. Kwaye ndinigcine apha ngamanye amaxesha, ngecala leyeshumi elinesibini, ngentsimbi yokuqala. Kwaye oko kokuncinci nje koko ndandidla ngokukwenza. Ndandidla ngokuhlala ubusuku bonke, phantse, ngamanye amaxesha. Ndiye ndahamba, siqalisile ukungena, ngamaxesha amaninzi, phambi kweyesibhozo intsimbi size sibuyele ekhaya ngentsasa elandelayo ngentsimbi yesibini okanye eyesithathu, injalo loo nto, kusukwa kwiinkonzo zam.

16 Kodwa ndi—ndi—ndizakuzama ukuba, xa ndihlangana nani kwakhona, ndithabathe nje o—omncinane . . . uMyalezo endaweni yemfundiso engaka yoku, ngaphandle kokuba ndinazise kwangaphambi kwexesha ukuba iyakuba yinto ethile. Kuba, ndinamaXilongo aSixhenxe, ndiyakholwa, ezayo, anxibelelana kanye kwiTywina leSithandathu. Xa iTywina leSithandathu lavakaliswayo, onke amaXilongo aSixhenxe adubula kunye, uyabona. Kwaye ngoko thina . . . Ndingathanda ukuzisa loo nto eBandleni phambi koKuza kwaKhe, ukuba . . . okanye ukumka kwam, okanye nokuba yintoni na enokwenzeka, ukuba ndinokuba nako.

17 Ngoku, ukuba siyayenza loo nto, ngoko siyakunazisa kwangaphambi kwexesha. Kwaye mhlawumbi ngoko, njengokuba sibona ngale ntsasa, iiholo zixinene, neendonga, najikelele, siyakuzama . . . Sinendawo ngoku esinokuthi mhlawumbi sibe nokuyifumana apha phezulu. Ihlala malunga namawaka amathathu abantu, kwaye yinholo enkulu entle yesikolo kanye apha entla kwethu. Yaye amaXilongo aSixhenxe, siyakuzama ukuwashumayela phaya phezulu esikolweni. Kwaye leyo iyakuba yindawo enkulu yokuhlala, uyabona, ukuze sibe nokubangenisa abantu.

18 Sifuna ukuwazisa, eNew York, sibe nexesha elimnandi nje. KwiHolo enkulu iMorris phaya, besiye sabajika abantu bemka,

kubusuku ngabunye. Bebexinene phaya ngaphakathi. Umlilo . . . Indoda eyeyayo laa ndawo . . . Oonogada boMlilo bayakuyivala laa ndawo ukuba siyabayeka beme, bexinene ngolwa hlobo. Saze ke sanyanzeleka ukuba sibajike baphume. Abantu bephandle esitratweni, besihla benyuka ngesitrato, bethandaza ukuba kubekho umntu othile odiniweyo oyakuphakama aphume, baze babe nokungena bafumane isitulo. 'Yabona? Umntu omnye nje, balinda nje apho phandle belinde loo mntu mnye, ukuze bangene. Kwaye lowo ukufutshane emnyango, baze bangenise abemnye ngolo hlobo. Xa kuthe umntu othile waphakama waphuma, ofanelwe kukugoduka kwangethuba, kulungile, bangena baze bahlulelane ngokungaka kwaloo nto. 'Yabona, bayangena. Liqela elilunge kakhulu, elilungileyo labantu. Kwaye ndiyakholwa ukuba kwihlabathi, ibandla loBukristu, lilambele uThixo.

19 Ngoku ndi—ndi—ndiyathemba ukuba . . . enkosi, mzalwana. Ndi—ndiyathemba ukuba—ukuba uThixo uyakusipha eli thuba, apho siyakuthi sibe nokuhlanganisana sifumane loo maXilongo aSixhenxe okugqibela. Ndiyathanda ukukhokelwa ekwenzeni ezo zinto, khona ukuze nazi.

20 Ngoko isidlo sakusasa saMadoda angoosomashishini . . . Ngokwesiqhelo, icandelo labo eliphaya, ndiyacinga ukuba bathe babenamalunga namashumi amahlanu okanye ikhulu kwisidlo sabo sakusasa. Kwaze kwathi ngaloo ntsasa bethengisa amatikiti alishumi elinesixhenxe lamakhulu, baze abashiyekileyo abantu babangenisa, ukuze izale loo ndawo. Kwaye ngxingwa nganye, nasezindongeni jikelele, nokuhla kunyukwa ngezinyathelo ezinyukayo, bekumi abantu. Abanye ingabalungiseleli abaphezulu bezikhundla, iqela labapriste, no—nokunjalo njalo, belapho ukuya kuva uMyalezo. Kwaye ngoko, ndiyaqonda, ndiyakholwa ukuba ubancedile kancinane. Usenokuba wenze o—okuthe chatha, kokungcono kunokuba besinokucinga eneneni ukuba kuyakubanjalo.

21 Ngoku, ngoko, ngokuhlwanje i . . . Sizakufumana i . . . uMyalezo ngokuhlwanje, iNkosi ithandile, kwi—kwingongoma yo—yokuba, malunga neemeko zenu kuKristu. Ke ngoku ukuze . . . Uyakuba mfutshane. Sifuna ukuqalisa, ndifuna ukuba seqongeni ngecala leyesixhenxe. Ukuba . . . Niqalisa xesha nini esiqhelweni, ngecala leyesixhenxe? [UMzalwana uthi, "Siqala ngecala leyesixhenxe kodwa siyakuqalisa ngeyesixhenxe."—Mhl.] O, ngeyesixhenxe, kwaye ndiyakuba seqongeni ngecala leyesixhenxe, ke ngoko imelwe kukuba iphume ngecala leyesibhozo, ukuba iNkosi ithandile, kuba mna—mna nje . . . Ndizakukhawulezisa nje kangangoko ndinokuba nako, kwaye ndiyakuqalisa ukuziqhelisa.

22 Ke ngoko enye into, kukuba, kusenokubakho abantu basemzini abeva abantu behleka. Kuba, ndizama ukumka

apha, kodwa andibi nako. Kuba bu. . . Ndiyathemba ukuba oko akuvakali njengokuhlambelayo, kodwa umama wayedla ngokuthi, xa abantu abalolo hlobo behlangene, kunjengenyhobha-nyhobha yamazimba ngentsasa ebandayo. Uyazi, zingqindilili, zibe zihla kancinane. Kwaye ngoko kumalunga nokuba njalo. Ndingena ngokuthe chu kuMyalezo, kukuba u—ubumnandi bezele leswekile kaThixo, uyazi, busenza sibe ngqindilili sihlangane sonke. Kwaye a—a—andifuni, andinakuthanda kube lolunye uhlobo. Ndi—ndikufuna njengoluhlobo kululo. Apho, ndiyakhumbula sasidla ngokuma sicule ela culo.

Lisikelelwe iqhina elibopha
Iintliziyo zethu kuthando loBukristu;
Ubudlelane bengqondo evanayo
Bufana nobo baPhezulu. 'Yabona?

Xa sahlukanayo,
Kusinika ubuhlungu ngaphakathi;
Kodwa sisaya kube sihlangene entliziyweni,
Sibe sithembe ukuhlangana kwakhona.

23 Kwaye ndi—ndiyathemba ukuba oko kuyakuhlala kuyi—yinjongo yethu apha. Abaninzi kwezo ngcwele zakudala balele ukusukela ngoko, kodwa sisahlangene entliziyweni. Kwaye ndicinga ukuba laa mbono ngalaa ntsasa, ukubabona phaya ngaphesheya, nokusikeleleka nobuqaqawuli bobutsha bezimo zamadoda nabufazi, bekusakhangeleka njengokuba babenjalo apha, ngethuba babelapha emhlabeni. Ndiyacinga ukuba balinde ukuza kwethu. Ngenye imini siyakuhlangana nabo, uThixo eyakube ethanda. Ngoku na—na. . .

24 Kwaye nizikhumbule ezo nkonzo, iinkonzo zomculo ziyakuqalisa ngentsimbi yesixhenxe ngokuhlwanje, endaweni yecala leyesixhenxe.

Ukuze ngoko, kwiveki ezayo, ndiseShreveport, eLouisana, naphaya kwiLife Tabernacle eShreveport, eLouisana. Kwaye ndicinga ukuba bazama ukufumana iholo enkulu engaphaya kwesitrato. UMzalwana Moore ebetsale umnxeba phezolo, esithi ba. . . Yingqungquthela yonyaka, kwaye balindele umkhosi omkhulu wabantu.

25 Ndifuna ukunika ubungqina obuncinane nje phambi kokuba ndifunde iZibhalo. I—inenekazi elalihleli apha ngenye imini, kwakukho. . . Ndiyakuxelela impembelelo yomnye umntu othandazela omnye. Kwenzekile ukuba ndikhangele phaya phantsi ndabona elinye inenekazi nje. . . uMargie Cox, inkosikazi kaMzalwana Rodney Cox lo uhleli apha. Kwaye kwiveki ephelileyo, ndiyakholwa bekungoko, xa besilapha, uMoya oyiNgcwele ebenika ukucalula kuso sonke isakhiwo, uyazi, indlela abaxelelwe ngayo abantu. Waye yena ehleli. . . Uhleli kanye apha ngoku. Kodwa ebephaya nje phesheya

kwindawo ethile. Ndaze nda—ndakhangela ngaphaya, kwabakho inenekazi e—elithe labizwa, ebelinesifo seswekile. Wabe uMargie ekho . . . Kwaye embonweni ibinguMargie. Kwaye uMargie emi phaya; ndaze ndajonga phaya phantsi, ndambona . . . Kwaye yabe i—Ndaze ndacinga . . . Ndaze ndakhangela ukuba ndibone omnye lo umfazi, wabe uMargie esembonweni, kodwa ukuKhanya kuphezu kwaloo mfazi. Ngoko nda—ndajonga.

26 Ndaze ndacinga, kulungile, ukuba ndibize uMargie, bayakuthi, "Ngokuqinisekileyo, loo nto, ngokuqinisekileyo." Ngumntu othile amaziyo, bathi, "Kuba, yena—yena . . . Umyeni wakhe ungomnye wa—wabahlobo bam abasenyongweni. Bahlala kunye, balala kunye, bazingela kunye, nayo yonke into. Ngokuqinisekileyo, yiloo nto, umelwe kukuyazi loo nto." Kodwa uMargie wayengayazi loo nto. Kodwa ndabiza elinye inenekazi eliya, lona lali . . . ndiyakholwa, lalingudade ovela eChicago, njengokuba ndevayo emva koko.

27 Kodwa ngoko kwafika, oko kuye . . . umzi mveliso, babanika uxilongo lwesifo seswekile. Wabe—wabe enesifo seswekile. Kwaye ngoko yena ebesendleleni, ngezolo elinye, esiya ekliniki ngenxa yaso. Ke—ke ngoko wayithi thupha loo ndawo, ndaze ndamkhumbuza ngayo. Ndaze ndathi, "Yiz'apha, Dade Margie." Ndamxelela ngendlela athe ngayo wabe ephelelwa ngamandla kwizandla zakhe, no—noko kuziva kubi ngenene.

Elo nenekazi lincinane lisebenza imini nobusuku, phantse, phaya phezulu, ku . . . umama omncinane othembekileyo, ukuncedisa umyeni wakhe ukuhlawulela ikhaya labo abazama ukulakha. Kwaye—kwaye inguye nodade wabo omncinane, uNellie, noCharlie, ngumntakwabo Rodney lowo, inkosikazi yakhe, nabo bonke basebenza kunye kuloo mizi mveliso ilapho, nzima nje kangangokuba benokuba nako. Baze bamele ihlazo. Bayaziyeka zikhule iinwele zabo, besusa i-make-up, izinto ezinjalo, ekubeni ngaMakristu kwabo. Ndiyakholwa ekunikeni uzuko apho uzuko lufaneleke khona. Kwaye ngokuqinisekileyo ndinendawo efudumeleyo entliziyweni yam yabo bafazi baselula babini.

28 Ndaze ndabamba ngesandla ndamthandazela. Waze wenyuka, ababinako nakufumana uphawu lweswekile. Iphelile, ngoko.

Inenekazi elalihleli apha kanye ndaweni ithile, elabizwayo, kwaye yayingudade onguBruce ngegama. Andimboni ngale ntsasa, kodwa uhlala njalo . . . Wayengumfazi othanda ukuthandaza. Kwaye lo mfazi wangena waze, wathi ukugqibela kwam ukumbona apha, kwaye kwakungekho na—namakhadi amthandazo akhutshiweyo, okanye nantoni na, ngoko ke kwakungasayi kubakho mntu, kungabikho mgca wakuthandazela, ngoko bona basuka nje . . . UMoya oyiNgcwele wabiza nje phaya kwisihlwele.

29 Kwaye loo Nkszn. Bruce mncinane, waye—wayephilisiwe, ngaxesha lithile, ngokwakhe, enomhlaza. Waze yena—waze nje wahlala enomthwalo entliziyweni yakhe ngenxa yomnye umntu, kwaye wayethandaza nje. Kwaye kwakukho inenekazi elivela eLouisville, elalisifa, linomhlaza emqaleni. Kwathi lisathandaza, uMoya oyiNgcwele waya ngqo kuloo mfazi, wambiza, kwaye wenza nantoni na Awayenzayo, ukumxelela ukuba wayengubani na, wamxelela, gxebe, ukuba wayengubani na, nokuba yayiyintoni na ingxaki yakhe, nangokuba wayenomhlaza waze wathi yena, kuyakulunga. Laze elo nenekazi lincinane lagoduka.

Kwiintsuku ezimbalwa emva koko, waqala nje ukuvaleka umoya esifa, ngokusondeleyo, umqala wakhe nje wadumba wabheka phezulu. Wakhohlela kakhulu, waze umhlaza waxhuma waphuma. Kwaye usempilweni epheleleyo. 'Yabona?

30 Kwenzeka ntoni, uyabona, esa sixa, ngokwaso, kukudumba okunobomi kuso. 'Yabona? *Umhlaza*, oko kuvela kwi—kwigama, kwisaci sezamachiza, u"nonkala," esithetha into enemilenze emininzi, njengono—nonkala ofumaneka elwandle o—omfimfitha igazi kuwe. Kwaye ke eli qhuma lidumbayo lalisemqaleni kuye, yayililo, yayiyiloo nto eliyenzayo.

Ngoku, 'yabona, andizamani nethumba. Ndizamana nobomi obungaphakathi kwithumba. 'Yabona? Ubomi obo bungaphakathi kwithumba yiloo nto esizamana nayo. 'Yabona? "EGameni laM bayakukhupha iidemoni." Igama u*demoni* lithetha "engcungcuthekisayo," njengasemzimbeni. Kwaye le yayiyidemoni. Ke ngoko xa ubomi buphumile kwithumba, kakade, loo nto yenza ukuba ithumba liqale ukudumba.

31 Njengenja encinane etshayiswe estratweni, into ethile elolo hlobo, uyiyeke ilale apho elangeni iintsuku ezimbalwa, ngoko, ibankulu ngokuphindwe kabini kunokuba ingako.

Kulungile, nantso into eyenza loo mfazi mncinane aye esiba mbi. Ngamaxesha amaninzi ndiye ndakucacisa oko. Ukuba uya usiba mbi, lowo ikwangumqondiso wokuba uphilisiwe, uyabona. Kwaye ngoko wayesiya ebambi lonke ixesha, umvala umoya, kuba wawudumba. Kwaye i. . . Kodwa wawukhululekile, ubomi babuphumile kuwo. Kwaze ukukhohlela kwakhe ngolo hlobo, uyabona, [UMzalwana uBranham uyakhohlela—Mhl.] *kanjalo,* waxhuma, wawuxhuzula wakhululeka kwenye inyama yakhe. Kwathi oko kufileyo, ingumzimba nje ongenabomi kuwo, umhlaza uphelile, kwaxhuma baphuma phandle, 'yabona, kwawela ngaphandle.

32 Ngoko, yiloo nto ke, umzimba waphuma ngoko. Yayingeyodemoni eyaphumayo. Yayiyindlu eyayihlala kuyo. Yaphuma ngokuba laa mfazi wayenokholo koko

wakuxelelwayo, esazi ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, nantso into eyabulala la mhlaza, yakhupha ubomi baphuma.

Ngoku, ngewaphindela—phindela kugqirha, waze ugqirha wathi, "Yimfeketho, le—le—le nto iseyinto enye kunokuba ibihleli injalo." Kodwa yayiyinyani leyo, ithumba elo laliselapho, kodwa hayi ubomi, babungekho. 'Yabona?

33 Ngoku, bekunokuthini ukuba oko bekuyindawo ethile apho bekungena—kungenakuphumela ngaphandle khona?

Ingaba ngulaa mfanekiso lo? [UMzalwana uNeville uthi kuMzalwana uBranham, "Ingumfanekiso wela thumba liphume kuNkosk. Baker, ovela eSpringville, e-Indiana. Kwaye yena . . . Ngumfanekiso okhulisiweyo, woko akukhuphileyo, emva komthandazo."—Mhl.] Nangu umfanekiso welo thumba liphume kuNkosk. Baker wase-Springfield, e-Indiana, alikhuphileyo, emva komthandazo. Ngumfanekiso walo lo. 'Yabona, ngumzimba lo apho idemoni ibihlala khona.

Kanye njengokuba uhlala kulo mzimba uphila kuwo; usenokuba mncinane, mkhulu, ubenentloko ebomvu, ubenentloko emnyama, nokuba yintoni na. 'Yabona? Idemoni kuphakathi kokuba ihlale kuloo mzimba, okanye uKristu ahlale kuloo mzimba. Kulungile, xa ngoko ubomi buphuma kuwo, umzimba wakho uselapha emhlabeni, 'yabona, kodwa ubomi abukho kuwo.

Xa ubomi baphumayo, umzimba wawusekhona. Waze ke wakrazuka wakhululeka kumzimba wakhe wakhutshelwa ngaphandle, kwaphuma umzimba.

Kodwa ukuba ukwindawo ongenakukhutshwa kuyo, ngoko intliziyo yakho ifanelwe kukuyithatha loo ndawo ifileyo ize icoce igazi, kwixesha ngalinye ibetha. Loo nto yenza ifiva, nayo yonke enye into, ngokuba kukungcoliseka kwegazi. Uyabona? Intliziyo yakho ifanelwe ku . . . Ndicinga ukuba intliziyo icoca igazi njengokuba liphuma. Ingaba kunjalo, Dade Dauch? Ndicinga ukuba kunjalo, intliziyo, njengokuba ibetha, iyacoca. Umongikazi, uyazi, nomnye ohleli apha phambi kwakhe. Uco- . . . ichola i . . . Kwaye yiloo nto ebanga ukuba ubenomkhuhlane wokungcoliseka kwegazi. Ichola ukungcoliseka kwegazi ye—yenze umkhuhlane.

34 Ngoku, abantu, uyabona, lukholo lwakho. Ayize ibe kukuziva kwakho. Akukho nto injalo, nokuba yintoni na, ukuba isandla sam asolukanga. Oko akunakwenza nto naloo nto. Lukholo lwam olunento yokwenza. 'Yabona? Kanye phambi kwethu, sibona umfanekiselo womntu ophiliswe ngokugqibeleleyo, ngokholo. Ukuze ngoko senze nje inyathelo emva kwelinye side siye kunyathela ngaphakathi kwaloo mntu, size singene nje siqhubele phambili naloo nto. 'Yabona? Nantso

ke. Kwaye loo nto, yiloo nto eyenza oko, ukholo lwakho; hayi ukuziva kwakho. Lukholo lwakho olwenza loo nto. Imibulelo nokudunyiswa makube kuThixo!

35 Ngoku umzuzu nje womthandazo, size sifumana ingongoma apha esiyakufuna ukucinga ngayo, nexesha elincinane eyakuthi iNkosi isebenze kuthi ngale nto.

Ke, ngoku, ukuze ukuba abanye benu babe bamelwe kukuhamba ngale ntsasa, baze bangabikho kwinkonzo yangorhatya, iNkosi ithandile, ndi—ndifuna ukubalapha kwakhona. Usapho luyabuya kwiveki esemva kweKrismesi. Ukuze ngoko, ngeCawe esemva kweKrismesi, iNkosi ithandile, ndifuna ukushumayela uMyalezo wam weKrismesi apha eMnqubeni; ngeCawe esemva kweKrismesi. INkosi ithandile, ingongoma iyakuba yethi, *Isibhadu-bhadu Esitratweni*.

Ngoko masithobe iintloko zethu ngoku senze umthandazo phambi kokuba sifunde ingongoma.

36 Nkosi Yesu, Wena yiba kufutshane nje kuthi ngeli xesha. Kwaye siyazi ukuba kunzima apha kwinkonzo yethu encinane, kwaye xa abaninzi bemile. Kwaye—kwaye silapha kungekho ngenxa yokufuna indawo ethambileyo, eyakuthi isinike ubutofotofo basenyameni, ngokuba le ayitofotofanga. Kwaye asikho apha khon'ukuze sibonwe. Kodwa silapha ngokuba sive uBukho baKho. Kwaye siyazi ukuba Wena ulapha. Sibe silapha ukuze silungiswe. Yaye silapha, sisazi ukuba sisendlwini kaThixo. Yaye siziva sonwabile ngokuba lapha, akunamsebenzi nokuba asihlelanga tofotofo kangakanani na, ukuma, no—nokuhlala kokuxinana, kodwa silapha ngokuba si—siva ukuba uThixo ulapha.

37 Kukho indlela enye enokuba laa nkwenkwe yaziva ngayo ngoba busuku, xa uPawulos washumayela ubusuku bonke, ingumyalezo omde kangakanani, ukusukela mhlawumbi ekutshoneni kwelanga lade ilanga laphuma, ngentsasa elandelayo. Kwaye umfo omncinane wayehleli phezulu kakhulu, wawa apho baze bacinga ukuba wayengasekho. Waze uPawulos wabeka umzimba wakhe phezu kowakhe, waze uMoya kaThixo owawukumthunywa wabuyisela umoya obubomi emzimbeni waloo mfana. Kwaye wathi, "Uzakuphila," waza umfana waphila. Wayenomdla kuloo nto yayithethwa nguPawulos.

38 Kwaye, Thixo, sinomdla ngale ntsasa koko uMoya oyiNgcwele asenokukuthetha ezintliziyweni zethu. Yaye siyathandaza ukuba Usiqhekezele iSonka soBomi sonke ngabanye, ukuze xa simka apha namhlanje, singabi nakusishiya esi sakhiwo sisengabantu abanye nendlela ebesiyiyo ukungena kwethu. Anga aMakristu angabakufutshane ngakumbi kuWe. Banga aboni bangajika namhlanje. Banga abagulayo bangaphiliswa. Banga

uBukumkani bukaThixo bungasondela kuthi, okanye bube ngaphakathi kuthi nokuba ngaphakathi. Kuba sikucela oku eGameni likaYesu Kristu, njengokuba silindele kuMoya waKhe ukuba usiphe aMazwi. Amen.

39 Ngoku masifunde iSibhalo, esi. . . ILizwi likaThixo lihlala linyanisile.

Ke ngoku, ngamnye, ndibona ukuba ninobubele kakhulu kwabo bemileyo. Ndibona umntu othile ephakama aze ahlale phantsi, aze anike omnye umntu isitulo. Yinto elunge kakhulu leyo. Ndinqwenela ukuba sibe besinenye indawo, kodwa asinayo nje, kwaye ngeli xesha.

Tyhilani kuMateyu 27, kwaye sizakufunda ukuqalela kumqolo we–11, size sithethe ngale ngongoma.

Wema ke uYesu phambi kwerhuluneli: yambuza irhuluneli, isithi, Unguye na uKumkani wamaYuda?. . . Wathi ke uYesu kuyo, Nawe utsho.

Ke kaloku ekumangalelweni kwakhe ngababingeleli abakhulu namadoda amakhulu, akaphendulanga nto.

Aze uPilato athi kuye, Akuziva na ukuba zininzi kwazo iindawo abazingqinayo ngawe?

Akaphendula zwi; yada yamangaliswa kakhulu irhuluneli leyo.

Ke kaloku imithendeleko ngemithendeleko— irhuluneli. . . ibiqhele ukuzikhululela izihlwele umbanjwa abemnye, lowo bebesithi bamfune

Baye ke ngelo xesha benombanjwa obesazeka, ekuthiwa nguBharabhas.

Bakubon'ukuba ngoko bahlanganisene, wathi kubo uPilato, Nithanda ukuba ndinikhululele owuphi na? UBharabhas, uYesu ekuthiwa nguKristu kusini na?

Kuba ebesazi ukuba bamnikele ngomona.

Akubon'ukuba uhleli esihlalweni sokugweba, umfazi wakhe wathumela kuye, esithi, Uze. . . ungabinakuthini kuloo mntu ulilungisa: kuba namhlanje ndive izinto ezininzi ezinzima ephupheni ngenxa yakhe.

Kodwa ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu bazeyisela izihlwele ekuthini zicele uBharabhas, zimtshabalalise uYesu.

Yaphendula ke irhuluneli yathi kubo, Nguwuphi na kwaba bobabini enithanda ukuba ndinikhululele yena?. . .(Yicinge nje loo nto!)*. . . Bathi ke bona, NguBharabhas.*

Athi uPilato kubo, Ndimenzeni na ke uYesu ekuthiwa nguKristu? Bathi kuye bonke, Makabethelelwe emnqamlezweni.

Yathi ke irhuluneli,. . .kuba enze bubi buni na? Kwaba kukhona bancamisayo ukunkqangaza, besithi, Makabethelelwe emnqamlezweni.

Uthe ke uPilato akubona ukuba akancedi lutho, ebona ukuba sisuke sangakumbi isiphithi-phithi, wathabatha amanzi, wahlamba izandla phambi kwezihlwele, esithi, Andinatyala egazini lalo mntu ulilungisa: ziboneleni nina.

Baphendula bonke abantu bathi, Igazi lakhe malibe phezu kwethu, naphezu kwabantwana bethu.

Waza wabakhululela uBharabhas: wathi ke emtyakatyile uYesu, wamnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni.

40 Ngumfanekiso olusizi kangakanani lo! Ndibiza itekisi yoku, ukuba ningafuna ukuyibhala ngolo hlobo, okanye niyibize kanjalo. Kwaye mhlawumbi ikhasethi kungafuneka linikwe isihloko esinjengesi: *Ndimenzeni Na UYesu Ekuthiwa NguKristu?* Kwaye ingongoma endifuna ukuyisebenzisa, emva kokuba iyitekisi; ndifuna ukusebenzisa le ngongoma, "unoYesu ezandleni zakho." UnoYesu ezandleni zakho, uzakuthini?

41 Umboniso wethu uqalisa, ngale ntsasa, kwiholo yesigwebo; apho uPilato, irhuluneli, ibizelwe ukuba ibe kulo mboniso, ukuze—ukuze isebenze ye—yenze isigwebo. Kwakusekusasa kakhulu, umzuzwana phambi kokuba liphume ilanga, kwaye wayephazamiseke ebuthongweni bakhe, wa—wabizelwa phandle ukuza kuva i—ityala lale Ndoda.

42 Yayilixesha lokubethelelwa emnqamlezweni kweNkosi yethu noMsindisi, uYesu Kristu. Waye—Wayengenzanga nto, babenokuyifumana kuYe, kwaye Akazange—Akazange aphendule yonke into. Yayiyiyure nje yokuba kube njalo oko.

Akukho nto inokwenzeka ngaphandle kokuba kubekho into engaphaya kwayo ebangela ukuba kube lolo hlobo. Kumelwe kukuba kubekho isizathu esithile kwinto yonke eyenzekayo ngokuba i—inento eyiqhubayo, kakade, ngo—ngoMoya okwizinto eziphilayo, nakubantu, njalo njalo. Kukho into eyiqhubayo, into eqhuba loo nto, ne—nenjongo, kwaye kumelwe kukuba kubekho isizathu.

Ke sona, isizathu sokuba kwenzeke oku kule Ndoda iyeyona yakhe yabaluleka yakhe yaphila emhlabeni, okanye inokuze iphile; isizathu sokuba kwenzeke ngale ndlela, kungokuba yayilixesha lokuba kwenzeke oko. 'Yabona? Kumelwe kukuba njalo, kwaye akukho ndlela yakukuphepha oko. Kona, kwakumelwe kukwenzeka ngelo xesha.

Kwaye uYesu weza emhlabeni ngokuchanekileyo kanye ngendlela elathi iLizwi likaThixo laxela kwangaphambili ukuba Uyakuza ngayo. Wenza ngokuchanekileyo kanye oko iLizwi lathi Uyakukwenza. Waphila ubomi, ngokuchanekileyo kanye, kwaye uThixo wazisa okanye wabonakalalisa, iMbewu yelo xesha. Ngoku khumbula, uThixo . . .

43 IBhayibhile iqala kwiGenesis iye kwiZityhilelo. Ngoku nasi isifundo endi—endifuna ukuba usiqonde, ukuba . . . 'Yabona, kwisizukulwana ngasinye sahlala sithethwa, eBhayibhileni, ngento ethile eyenzeka kwisizukulwana ngasinye.

NjengoDaniyeli ukuba wabona i . . . watolika iphupha likaNebhukadinetsare; indlela obabuyakuthi ngayo uBukumkani beeNtlanga bungene nendlela ebuyakuhla ngayo, nendlela ebuyakuphuma ngayo. Kwaye ngamnye kwabo bantu kwezo ntlanga nezo zizwe, la magunya eNtlanga alawulayo, alilawula ihlabathi, enza kanye ngaloo ndlela umbono wathi ayakwenza ngayo.

44 Xa uNebhukadinetsare, intloko yegolide, yathatyathwayo, kwalandela ubuMedi-Peresi bangena; nesimo sabo, ngokwe—kwemvelo koko kwenziwe ngako, kwaye ngokubhekiselele koko umprofeti wakuthethayo, ngokuchanekileyo kanye. UNebhukadinetsare intloko yegolide, obo bobona bukhulu uBukumani nobokuqala. Kweza ubuMedi-Peresi buyisilivere. Kwaze kwehla kwaya kufika emathangeni, e—esinyithi. Kwaye ntsimbi nganye iya ibalukhuni ngokuba lukhuni; igolide iyeyona ithambileyo. Kwaye uphelela ekubeni yintsimbi, eyona iyiyeyona ilukhuni kuloo nto yonke, yintsimbi.

Ngoku, ngabunye kobu bukumkani behla ngokuchanekileyo kanye, ngesimo, ngaloo ndlela umprofeti wathi kuyakuba yiyo. Wayesenza ntoni ke? Wayetyala imbewu yokuba isizwe siyikhangele, kwaye xesha ngalinye xa obo bukumkani bangenayo, babumelwe kukuza ngokoko iLizwi elo latshoyo.

45 Ke ngoko uMesiya wayemelwe kukufika. Kwaye xa uKristu wavelayo, Wayemelwe kukuba yimpendulo yaloo Mazwi kaThixo ayemelwe kukuzalisekiswa, awathi umprofeti wathetha ngawo, into Ayakuyenza.

UMoses wathi, "Uyakuba ngu—Uyakuba nguMprofeti onjengam nje." Kwaye ukuba ubunokuba nako . . . ukuba besinexesha lokufanekisa okuya kwakudala sikubonise nje indlela okwathi ngelo xesha limangalisayo, xa uSirayeli wayesekuthinjweni yiYiphutha, indlela ekwathi ngayo uMoses wazalwa ngokungaqhelekanga, engumntwana ongaqhelekanga; nendlela awathi—awathi wenyuka ngayo, wakhuliswa, nendlela awathi ngayo wafihlwa ematyholweni; nendlela awathi wayinkokeli ngayo, waya kungena ezintabeni wafumana umthetho, waza wabuya wehla. Kwaye

wayengeyonkokeli nje kuphela; kodwa wayengumbingeleli, nokumkani, nomlawuli. Zonke ezo zinto, nendlela ekuthi nje ngayo oko kuzekelise uKristu ngokuchanekileyo. Kwaye uMoses wathi, "INkosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti onjengam nje." 'Yabona?

46 Ngoku, xa uKristu wazalwayo, uSirayeli wayesekuthinjweni kwakhona bubuRhulumente bamaRoma. Wayeyintoni ke Yena? Ezelwe enguMntwana ongaqhelekanga, nongaqhelekanga, indlela Awakhuliswa ngayo. Indlela Awathi wenyuka ngayo waya ezintabeni, waza wabuya wathi, "Nivile ukuba kwathiwa, kumanyange, 'Uze ungebi.' Nivile ukuba kwathiwa, "Uze ungakrexezi,' kodwa Mna ndithi, okhangela umntu oyinkazana ukuze amnqwenele, usele ekrexezile." UMniki-Mthetho, 'yabona, noKumkani, noMbingeleli, uMprofeti, ngokuchanekileyo kanye njengaye. Ngoko zonke ezo zinto zazimelwe kukuzaliseka, kwaye xa elo thuba lalilapho lobomi bukaMesiya, xa oko kwangqinelwa ngokugqibeleleyo.

Ngoku, esi isenokuba sesokugqibela isifundo eside endisifundayo okomzuzwana. Ndifuna ukusisondeza ngoku.

47 Xa iLizwi lithethelwe esi sizukulwana sithile, kumelwe kukuba kubekho umntu othile ovelayo oyakuzalisekisa elo Lizwi, ngokuba uThixo uLithethile. Kukungqinelwa kweLizwi elithethiweyo. Kwaye uYesu wakulingana konke oko, kwaye wayeliLizwi, engqinelwe njengoMesiya, ngokuchanekileyo. Kukwakho naMazwi, athethiweyo eBhayibhileni, malunga nomhla wokugqibela. Loo Mazwi amelwe kukwenziwa aphile.

48 Kwaye xa sifumanisa apha oko, xa kwathi ngemihla yeNkosi yethu, ibandla lalisele liYalile ngaphambi kokuba Abe weza kuPilato kwiholo yesigwebo. BabeYalile, kwa ukusuka kwimini ulungiselelo lwaKhe olwaqala ngayo ukuprofeta nokubaxelela iNyaniso malunga neLizwi. Ngoko, babengenakuyiqonda loo nto, yokuba Yena, enguMntu, angazi okwakusezintliziyweni zabantu. Babengaqondi, ukuba, iLizwi linguThixo! "Kwaye iLizwi," iBhayibhile yatsho, "lingumcaluli weengcinga neengcingane zentliziyo."

49 Kwaye babefuna ukuMbiza ngokuba ngumoya ongcolileyo. Waze Wathi, "Ndiyakunixolela ngenxa yoko. Kodwa xa uMoya oyiNgcwele ethe weza ezokwenza kwaloo nto, ukuthetha igama elinye ngokuchasene naWo akusayi kuxolelwa."

Kwaye zonke ezi zinto Waziprofetayo ukuba ziyakwenzeka ngaloo mhla, okuthile kumelwe kukuzenza ziphile ezo zinto. Kodwa zithe Zaphiliswa, Ziyakuba yinto eyahlukileyo kunoko abantu bacinga ukuba Ziyakuba kuko, ngokokude—ngokokude ibe ngabaNyuliweyo bodwa abayakuLibona. Njalo, ngabaNyuliweyo kuphela abo bayakuLibona, ngokuba ngabaNyuliweyo nabamiselwe ukuLibona. Ngoko ke, ayinakwenzeka, nangayiphi na enye indlela.

50 UYesu wathi, “Aninako ukuza kuM. Akukho mntu unokuza engathanga uBawo waM amtsale; kwaye Lowo andinike Yena uyakuza kuM.” ’Yabona? ’Yabona? Ngoko kwakungekho ndlela yimbi. Wathi, “Ninamehlo nje aniboni; iindlebe, ningeva.” Wathi, “Watyapha u-Isaya ukuprofeti ngani.” ’Yabona? Isiprofeto sika-Isaya sintshula, sisenziwa sibonakalaliswe.

Musani ukuyilibala loo nto, apha okanye kumphulaphuli wekhasethi, ukuba iLizwi likaThixo limelwe kukubonakalaliswa. UThixo unyanzelekile ukuba aqonde ukuba loo Nto iyenzeka.

51 Kanye njengokuba uYohane umBhaptizi wayemiselwe kwangenxa engaphambili ukuza kwandulela ukuza kukaKristu, kumelwe kukuba kubekho indoda ethile eyakuvela ukuze yenze loo ndawo. Ela Lizwi limelwe kukuzaliseka.

52 Ngoko xa uYesu weza njengoMesiya ongumthanjiswa, wenza kanye ngokuchanekileyo oko iLizwi likaThixo lathi Uyakukwenza; kodwa nangoko amaYuda ayekhangela enye into, “uKumkani oza ephethe intonga yentsimbi esandleni saKhe,” ntoleyo yayisekude le kwixesha elizayo. Kodwa Yena wazalisekisa lonke iLizwi.

Apho ngenye imini eKapernahum, xa Wathabatha iSibhalo wafunda (nakhe naqaphela?) Wafunda nje indawana yeso Sibhalo. Waze Wayibeka phantsi iNcwadi, wathi, “Namhlanje esi sizalisekile.”

53 Xa Wayezakushumayela umnyaka we-jubille, ngoku, kwakutheni ukuze Angasifundi Sonke? Kungokuba Sasisingisele eKuzeni kwaKhe okukokunye. Babengaswele kuyazi loo nto. Leyo yeyesosigaba sexesha saxa Ayakungena.

Kodwa isigaba Awayekuso, naso isizathu sokuba abe Wathi, “Esi Sibhalo sizalisekile namhlanje emehlweni enu. Nasi kanye niSibona. “Ukushumayela ixesha elamkelekileyo, nokubopha abantliziyo zaphukileyo, nokuphilisa abagulayo,” yinto Awayezele yona leyo.

Le ndawo ishiyekileyo kuSo yayi—yayikukuzisa umgwebo kwiiNtlanga, njalo njalo, ngoko oko kuyakulandela. ’Yabona, iiNtlanga zazimelwe kukuMala, kuqala.

54 Ngoku, ekubethelelweni emnqamlezweni, apho sikhoyo namhlanje kule ngongoma ka “Yesu esezandleni zakho.” ILizwi likaThixo liqondakalaliswe ngokupheleleyo, liqondakalalisiwe ngokuphindwaphindwa, ukuba Yena wayeyimpendulo kwiLizwi likaThixo apho bathi abaBhali . . .

55 Uyabona, uThixo sele eLicwangcisile. Mabuthi ubulungiseleli buLifundisise. Kodwa, uyabona, bathabatha iLizwi lomntu othile malunga naLo; iqela elithile lamadoda. Bamfameke kangako kwiNyaniso, ukuze, xa iNyaniso izisiwe, bayasilela ukuYibona. Kodwa, uyabona, uThixo ulilungisa,

Wenza ukuba Libhalwe phaya. ULibhale phaya, apha kanye eNcwadini, oko kuyakwenzeka namhlanje, ngoko Kuyakuzaliseka. Kodwa abanye abangamiselwanga kuLibona, abasayi kuLibona, 'yabona, bona—bona bayaLiphixanisa.

56 Kwaye yiloo ndlela ababeLibona ngayo ngoko. Babengazange bazi ukuba Lona lalinguYe. Kwaye ngemiqondiso yokuba WayenguMthunywa welo xesha, akukho mntu wayenokuyiphikla loo nto. Umprofeti wakhe wathetha ngaloo nto; wathi, "Mna, ndimelwe kukuba ndinciphe, kodwa Yena uyakwanda. Andifanelekanga ukukhulula isihlangu saKhe, kodwa Yena umi phakathi kwenu ngoku," watsho uYohane. "Kwaye Uyakufika. Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi; kwaye imithi engavelisi ziqhamo iyakuthatyathwa ikhutshwe ehlathini, ukuze, okanye ikhutshwe e—ikhutshwe esidiliyeni, okanye u—okanye umyezo. Ayisayi kubakho apho kwakhona."

57 Ngoku, sifumanisa ukuba ezo zinto zenzeka ngokuchanekileyo kanye ngaloo ndlela Wathetha ngayo. Wayecalula iingcingane zentliziyo zabo. Wayengumprofeti. Yonke into Awayixela kwangaphambili, yenzeka ngokuchanekileyo kanye ngaloo ndlela Wayeyithethe ngayo.

"Ndiyenyuka ndiya eYerusalem. Apho ndiyakunikelwa kwizandla zabantu abangaboni. Ke bona bayakuMphatha ngomona kakubi, aze Abethelelwe emnqamlezweni. Kuyakuthi ngomhla wesithathu Avuke kwakhona." Kodwa wathi, "Nibone ukuba anixeleli mntu ngale nto." Kwaye Wabamfamekisa kuYo, ukuze bangabinakuYiqonda ide Izaliseke.

58 'Yabona, ngamaxesha amaninzi Usenza sibe zimfama kude kube yiyure esikuswele ngayo Oko. Usenza ukuba sibe ziimfama kwizinto esizibona namhlanje, kuba le yiyure esiLiswele ngayo, ukungqinela umhla esiphila kuwo. 'Yabona? Oobawo bethu babengazazi ezi zinto. IBhayibhile yathi babengazazi. Wayezifihlile, kwaye kwi—kwimihla yokugqibela Liyakutyhilwa koonyana bakaThixo; okanye, lenziwe, bayakubonakalaliswa, ukuze babonakalalise uzuko lwaKhe nokudunyiswa kwaKhe phezu komhlaba.

59 Kwaye konke awathi uDaniyeli wakuthetha malunga nemihla yokugqibela, indlela ekuyakuthi ngayo, "Abo bamaziyo uThixo wabo bayakwenza imisebenzi elungileyo." Kunye nezininzi nje iZibhalo ezidibana kulo mhla siphila kuwo! Nendlela ekuyakuthi ngayo aba bangendawo, amaxesha olahlekiso ayakuba semhlabeni. Kwaye kanye ngokuchanekileyo oku sinako ngoku kuyaZizalisekisa.

Bona, babe—babelinikiwe ithuba lokuMbona, baze, kodwa bala kwaloo Mesiya wabo.

Kwaye namhlanje kuyinto enye, into enye kanye. Sinikwe ithuba, ngokuba uThixo akanakugweba ngaphandle kokuba kuqala abe ne . . . aze abe lilungisa ekugwebeni kwaKhe.

Ngoku, ukuba ubuxelele u—umntu othile ohla ngendlela, eqhuba ngesantya esiphezulu; ubunokummisa, uthi, "Kukho u—umngxuma endleleni phaya ezantsi. Ukuba uqhubela phambili ngeso santya, uyakufa."

60 Aze athi, "Yimfeketho leyo, ndiyayazi into endiyenzayo." Ngoko, uyabona, igazi lakhe alinakuba phezu kwakho, ngokuba umyale ngokupheleleyo.

Ke, uThixo wenza into enye ngeLizwi laKhe. Ubayala ngokupheleleyo abantu ngomgwebo ozayo, abonise imiqondiso yaKhe nemimangaliso eyayixelwe kwangaphambili eBhayibhileni ngokubhekiselele kwesi sigaba. Uyababonisa, baze abantu bahambe nje badlule ngaphaya kwaYo.

Akululanga emntwini ukuya esihogweni. Umntu uyayilwela indlela yakhe eya esihogweni. Ubuxoki bokuqala owabuthethayo, uyazi ukuba kwakungalunganga. Umdiza wokuqala owawutshayayo, wawusazi ukuba yinto engalunganga. Ububi bokuqala owabenzayo, wawusazi ukuba yinto engalunganga. Kodwa esazeleni sakho, sasikuxelela oko ukuba akulunganga, kodwa gqolo ubaleka udlula kwisibane esibomvu, utshayisa izithintelo. Ungumqhubi oqhuba kakubi. Ufuna ukuyenza loo nto, nakanjani na, ubonise ukuba ungumfo obalulekileyo. 'Yabona? Kodwa, khumbula, uyayilwela indlela yakho yokuya esihogweni. Akululanga ukuya esihogweni. Umelwe kukuba wale iNyaniso.

61 Phambi kokuba ube ufumana ingozi yenqwelo, umelwe kukudlula ubaleka kwisibane esibomvu. Phambi kokuba ube ufumana ingozi yemoto, umelwe kukuba wenze njalo, phaya ezantsi endleleni, zikho iziyalo ezixhonyiweyo phaya. Kodwa, wena, uneyakho indlela malunga naloo nto, abantu banaloo nto. Kwaye wazi ngaphezu kwakhe nabani na ongomnye, kwaye akasayi kuphulaphula kwi—kwimiqondiso neziyalo zoMgwebo ozayo, kwabo bamalayo uKristu.

62 Ngoku qaphela, oko bakwamkelayo endaweni yalo Kristu. Ngoku cinga ngebandla laloo mhla, ubumfama balo. Babale umbulali owaziwayo, uBharabhas. Indoda eyayiqondakalalisiwe ukuba ingumbulali, kwaye ngenene yayilindele isigwebo. Yaze ya—yaqondakaliswa ukuba—ukuba ingumbulali, kwaye yayiyindoda engcolileyo. Kwathi ke njengokuba oba—oba Bomi bukaYesu. . .

Awathi, Yena, Wabacela umngeni. Wathi, "Ngubani na kuni onokuNdityhola ngesono?" *Isono* "kukungakholwa." "Ukuba aNdiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukukholwa ndiM; ukuba Ndinixelele iNyaniso yeSibhalo. Kwaye iSibhalo sithethile ngaM, ngokwaSo. Ziphengululeni iZibhalo," Watsho, "kuba kuZo nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade, zaye Zona ziZo ezingqina ngaM kwesi sigaba."

63 Kodwa bathi, “UZenza uThixo. UZenza uthile.” Akazange enze nto . . . NguThixo owaMenza uThixo; WayenguThixo. Wayekukuzalisekiswa kweSibhalo. Akazange aZenze nto. NguThixo owaMenza into Awayeyiyo. Ke, ngoko, kungenxa yokuba yayiyiyure yela Lizwi ukuba lizaliseke. Ngoko, kodwa babengenakuLibona, ngokuba Lalichasene neembono zabo zobuhlelo, into ababeyakhile malunga noKristu. Lalimfameke kakhulu kwiLizwi.

64 Ngoku, nangaphandle kwaloo nto, ukuze babenokumsusa lo Mfo, kwanyanzeleka ukuba bamnkele umbulali, ingozi yoluntu, kananjalo. Yayilityala elo kuluntu, ilityala kubo; umbulali! Kwafuneka bamamnkele! Ngenxa yoko, ukuze—ukuze bale uKristu.

Kwaye phambi kokuba nayiphi na indoda okanye umfazi ibe nokwamkela okungalunganga, bamele kukwala okulungileyo. Kukho into ethile malunga nendalo, inomthetho kuyo, ukuba umelwe kukuba wale into elungileyo phambi kokuba ube nokwamkela into engalunganga.

Njengokuba bendisandula ukucaphula, ukuze—ukuze uzigcine ekuthetheni ubuxoki . . . Wa—waxoka ukuqonda kakuhle ngokwakho. Waxoka ngokuphikisana nesazela sakho. Waxoka ngokuchasene nento umama wakho okanye abazali bakho abakufundisa yona ukuba uyenze. Okanye, indalo ngokwayo iyakufundisa ukuba awumelwe kukuyenza loo nto. Ngoko, ngoko ke, wena, ukuze wale iNyaniso, umelwe kukwamkela u—u—ubuxoki, kwaye umelwe kukwala iNyaniso phambi kokuba ube unokwamkela ubuxoki. ’Yabona?

65 Ngoko nantso indlela aba bafo abenza ngayo, babeyalile iNyaniso. Kwaye Yena wayeyiNyaniso. “Ndim iNdlela, iNyaniso, noBomi.”

“Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi wayenguThixo. ULizwi wenziwa inyama wabonakalaliswa phambi kwethu.” UTimoti wokuQala 3:16, “Ngokuphandle, inkulu imfihlelo yokuhlonela uthixo, kuba uThixo wabonakalaliswa esenyameni, samphatha ngezandla zethu.” UThixo, uYehova! I—iyamangalisa, iyothusa, eyokucinga ukuba uThixo Owabeka i—i—izikhanyiso ezinjengelanga esibhakabhakeni, owenza iinkwenkwezi ezinkulu ngokuphindwe ngewaka kunokuba lingako eli hlabathi . . .

66 Ukuba enye yezo nkwenkwezi ingaqalisa ukuza ngasemhlabeni, ibaleka ngeshumi lamawaka eemayile ngeyure, kuba, ingathabatha ikhulu lezigidi zeminyaka ukufika apha; ikude kakhulu. Kwaye inkwenkwezi ezimbini ezihleliyo, zikhangeleka ngokungathi zisondelelene nge-intshi, xa silapha, zibe zahlukene ngokukude kakhulu kunokuba thina sikude kuzo. Kwaye, nangoko, akukho nanye kuzo engahlelanga endaweni yayo. Kwaye loo ndalo yehlabathi nezinto zonke

inkulu, owu, bethu, ukungabi nakubaleka nobukhulu kakhulu bukaThixo Owaba nokwenza zonke ezi zinto! Ntonganye imelwe kukubamba enye. Naso isizathu sokuba ihlale ngala ndlela iyiyo. Ukuba zithe zaphuma kwindawo yazo, iyonke laa ndalo ingawa.

67 Kwaye yiloo nto eyenzeka e-Eden. Xa u-Eva waphuma kwindawo yakhe enemithetho kaThixo, uhlanga luphela lwawa.

Nantso into eyinkathazo hamhlanje. Asimelwanga kukwaphuka sibe yimibutho namahlelo, akunjalo. Simelwe kukuba ngoonyana neentombi zikaThixo, sibambe loo ndalo inkulu yezinto zonke zehlabathi ihlangene.

68 ENew York, kwiveki ephelileyo, bendiphulaphule umyalezo obucatshulwe, okanye obuthethwa ngu-Einstein, omkhulu weenzululwazi, o—okubizwa ngokuba yingqondo ye—yeli xesha. Ndaze nda . . . ndeva loo nto. Ndaze ndaya kuphulaphula uNorman Vincent Peale, kwimfundiso yakhe yobuchwephesha bengqondo malunga noko bamelwe kukukwenza abantu, okanye bahambe kuko, baze bazikhulisele kufundo lobuchwepheshe bengqondo.

Ngoko, ku-Einstein ebethetha ngendalo iphela yehlabathi nezinto eziphezu kwalo phakathi kwaleya iphaya, phezulu ukusuka ezinkwenkwezini. Ukuba umntu angahamba ngesantya, ndiyakholwa ukuba ebesitsho, sokukhanya, . . . Ngoku, ndiyacinga, ibiyinto leya, . . . amashumi asibhozo anesithandathu amawaka? [UMzalwana Neville uthi, "Likhulu elinamashumi asibhozo anesithandathu."—Mhl.] Ikhulu, ikhulu elinamashumi asibhozo anesithandathu lamawaka eemayile ngomzuzwana, sisantya sokukhanya eso. Ke ngoku yahlula oko ukuze kwimizuzu emihlanu, zizigidi ezingaphi zezigidi eziphindindwe ngezigidi zeemayile onokuhamba ngazo. Kwaye i—ikhulu elinamashumi amabini ezigidi zeminyaka yexesha lokukhanya kungakuthatha elo xesha uyakufika kweza zinto zendalo zisesibhakabhakeni. Ukuze ke ibe likhulu namashumi amabini, okanye ikhulu elinamashumi amahlanu ezigidi zeminyaka; ikhulu elinamashumi amahlanu ezigidi ngaphezulu, nekhulu elinamashumi amahlanu ezigidi ukubuya.

69 Kwaye bachathe into ethile ebaxakileyo. Baze, emva kokuphuma apho nokubuya, oko kungathatha izigidi ezithathu zeminyaka ukwenza olo hambo, izigidi ezingamakhulu amathathu zeeminyaka. Uhambo lweminyaka ezizigidi ezingamakhulu amathathu, ukuze, xa ubuyela emhlabeni, eneneni uyakube umke iminyaka engamashumi amahlanu. Ungena kwinguNaphakade. Akukho kuphela kuloo Nto.

70 Kwaye ukucinga nje, ukuba, uThixo Owenza konke oko wakubeka ngolungelelwano, wathetha ngako, wehla wenziwa inyama phakathi kwethu, ukuza kusihlangula. Ukuze asihloniphe kangako ngoBukho baKhe obundilisekileyo, ukuze A—Abe nokuma apha kulo mhlaba unesono ngemihla

yokugqibela, aqondakalalise iLizwi laKhe ukuba linjalo, ngokuba Ubopheleleke kwela Lizwi. Amen. Ubungangamsha nobulungisa baLowo Uzibambileyo ezo zinto esandleni saKhe!

71 Qaphela, izizwe. I—ibandla limelwe kukwala iLizwi laKhe kuqala. Ngoko, emva kokuba ibandla liLalile, laze laMbiza ngokuba "nguBhelezabhule, okanye umoya ongendawo," ngoko Leziswa phambi korhulumente, ukuze lonke uhlanga lube nokugwetywa. Ngoku sifumana uYesu, ngale ntsasa, ephambi kwe—kwerhuluneli uPilato, umRoma, ukuze ancinwe. Kwaye sifumanisa ukuba ibandla liMalile, kuqala, ngokuba babengakholelwa kuMyalezo waKhe, ngokuba babengalazi iLizwi.

72 UYesu wabaxelela, "Ukuba nani—nanimvile uMosisi, ngenilikholelwa iLizwi laM, ngokuba nguye owathetha ngaM." 'Yabona? Nalo iLizwi awathi loo mprofeti. . . Elathi i—iNkosi yeza kumprofeti, waze umprofeti wathetha iLizwi laloo yure eliyakuza. NaLo ke liqondakalalisiwe, wathi, "Nithi niyamazi uMosisi yena eyinkokeli yenu. Animazi uMosisi, ningalazi neLizwi lakhe." Ngamanye amazwi, Wathi, "NdiliLizwi. NdiliLizwi eliqondakalalisiweyo awathi uMosisi liyakuza, nibe nina niNdigweba." 'Yabona? Kuba izithethe zabos, 'yabona, inkonzo yayiMgxeka.

73 Ngoku, siMfumana ngoku phambi koPilato, eqondakaliswe ngokupheleleyo kananjalo, eqondakalaliselwe elo xesha, okanye ibandla, ngumthunywa welo xesha. Babenikwe ithuba lokubona bakholwe, kodwa baLala. Kwakutheni ukuze baLale? Abaninzi babo babefuna ukukholwa kulaa Nto; kodwa izithethe zabo, hayi abantu, kodwa zizithethe zabo!

74 Ngoku, uyabona, njengoNikodimo oweza ngobusuku, wathi, "Mfundisi, siyazi ukuba Ungumfundisi ovela kuThixo wena. Siyazi ukuba Wena uvela kuThixo. Akukho mntu unokuzenza ezi zinto uzenzayo Wena uThixo engenaYe. Si. . ."Ngubani u "si" athetha ngaye? Libandla, abaFarisi, iinkokeli zaloo mhla. "Siyazi. Siqonde ngokupheleleyo ukuba Wena unguloo Mntu." Kwakutheni ke ukuze bangenzi njalo? Kungenxa, yenkqubo yabo. Ndifuna ukuba loo nto ingene nzulu ngenene, kuba yiloo nto endiza kuyo. 'Yabona? Inkqubo ababesele bezingenise ngaphakathi kuyo, yayiyiyo ababengenayisusa. Nangona babebona ukuba Lowo yayinguMesiya, kodwa inkqubo ababezihlanganise nayo yayingenakubavumela ukuba bakwamkele Oko.

Ingaba ni—niyaqonda? [Ibandla, "Amen."—Mhl.] Ngoku ndifuna ukunibuza, kwabaphulaphuli babonakalayo, bangaphi abayiqondayo le nto ndithetha ngayo? Phakamisani izandla zenu. Kulungile.

75 Ngoku, inkqubo! Babekholwa kuloo Nto, kwaye babeyazi into Eyiyo. Indlela endinokuthanda ngayo ukukhe ndithethe

kwaloo nto inye namhlanje! Siyabona ukuba simelwe kukuba lapha namhlanje, kwaye siyayibona loo Nto, kodwa inkqubo ayinakubavumela ukuba baYamkele. Bahlohlwe kangako ngenkqubo! 'Yabona, ukuba ayingomntu, yinkqubo.

Kanye njengokuba ndithethile ngoMongameli obesandula kuhlaselwa. Asiyiloo ndoda; ngokokwazi kwam, yona yindoda elungileyo, ayizange yenze nto ingcolileyo ekwazini kwam. Kodwa yinkqubo. Asingobantu abo; koko yinkqubo.

76 YayingengomaYuda; yayiyinkqubo yawo. Inkqubo yayiMgxeka, ngokuba Wayenganyamezelani nenkqubo yabo. Niyaqonda? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku, yiloo nto inye eyenzeka ngoku. Kwaye bakhetha olu tshaba lwaziwayo loluntu, umbulali.

Kodwa umcimbi ngoku wawusele udibene norhulumente. Ngoko urhulumente umelwe kukuba avakalise isigwebo, ngokuba, ukuthabatha ubomi, kumelwe kuziswe phambi korhulumente. Babengavumelekanga ukuba bayenze loo nto, ngokuba babephantsi ko—kolawulo lobuRoma, kwaye babengenakuthabatha ubomi akukhathaliseki nokuba yayisithini kangakanani na icawe, "Simelwe kukuyenza loo nto." Kuba, ba—babengenakuyenza loo nto ngaphandle kokuba, kuqala, iRoma ibanike igunya lokwenza oko. Ngoko, kumelwe kuziswe phambi korhulumente. Ngoku urhulumente ubandakanyekile kuloo nto.

Ngoku, ukuba lo asingomfanekiso wanamhlanje, andiboni ukuba yintoni na. 'Yabona, ngokuchanekileyo nje!

77 Ibandla liyalaLa, ngoku ngurhulumente engenelela. Kufike ixesha apho khona isizwe, sabo bonke, siphela, simelwe kukuza. Ityala lenziwa. Ukwenziwa kwamanqam kwakusondele. Isizwe sisonke sasiMalile, nokuhliswa kwengqumbo kaThixo kuphezu kwabo. Kwaye phambi kokuba . . . Nditsho nebandla kwafuneka liMale, loo nto yayiyakuzisa ingqumbo phezu kwebandla. Kodwa ngoku isizwe siMalile, ukuzisa ingqumbo phezu kwabo bonke.

Kwaye, namhlanje, ihlabathi liMalile, ukuze kufike ingqumbo phezu kwehlabathi liphela. Zonke izizwe zimelwe kukugwetywa.

78 Kwaye siyazi ukuba oko kwenzeka ngexesha lenjengele enkulu yamaRoma, uTitus. Wayirhangqa iJerusalem, kwaze kwathi ekugqibeleni basuka . . . Badla omnye umntwana womnye; badla amaxolo omthi, nengca yomhlaba. Waze—waze ngoko uTitus wakhwela wangena wazidiliza nje phantsi iindonga wasitshisa isixeko, igazi labaleka lisihla—lisihla ngezitrato kanjalo, apho wayebabulalela khona.

Kwaye kwakumele ukuba njalo. Ngaphambi kokuba uThixo olilungisa abe nokubayeka abantu, Awayebanyulile, ukuba bangene phantsi kwento enjengaleyo, kwakumele—

kwakumele ukuba kubekho isizathu sobulungisa. Yena ulilungisa. I—imithetho yaKhe ibiza ubulungisa. Kwaye umthetho ongenasohlwayo asingomthetho.

79 Ukuba besinokuthi, senze umthetho apha kwesi sixeko, "A—a—akulunganga ukubaleka udlule kwisibane esibomvu," ngoko ke akukho sohlwayo ngenxa yaloo nto, ungaqhubela phambili ubaleka udlula kwizibane ezibomvu. Kodwa kumele kubekho isohlwayo.

Kwaye isohlwayo somthetho kaThixo, wokwala inkqubo yaKhe, kukufa. Kwaye kwakumele kubekho ukufa, ukuze kube kuyahlawulwa.

80 Simi ekuncinweni okufanayo ngale ntsasa, kwihlabathi liphela, ukuvavanywa. Onke amahlelo alalile iLizwi. Ndiyazi ukuba oku kuvakala kurhabaxa kakhulu. Ndifuna ukuba abalungiseleli abaphulaphuleyo, abakhoyo apha naba bakuloo makhasethi, kananjalo, ukuba bazame ukuyiqonda le nto ngoku, ndizama ukuba icace. Kodwa ndiyibambile ingongoma yam, okanye ndivelisa ingongoma yam apha, ndisithi simile, namhlanje, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kathathu epulpitini—Mhl.] Sikwenye iholo yomgwebo kaPilato.

81 Uthi, "Ukuba ngendandime apho, ngendamthethelelayo uYesu Kristu." Kwaye, kulungile, wenza ntoni ngaloo nto ngoku? Nantso eyona nto. 'Yabona? "Akunamsebenzi nokuba ibandla laliMale kangakanani na, ngendema kwicala laKhe." Unalo ithuba. Ehe. 'Yabona? Bona, baMala.

82 Ngoku Uyavavanywa namhlanje, okanye usandula kuncinwa, okanye, ebesetyaleni, ukuze kuqulunqwe inkqubo yehlabathi, yento eyakubizwa, ngokuba libhunga leeNkonzo, ukuze—ukuze—ukuze kubunjwe kwi—kwiBhunga lehlabathi leenkonzo. Ngoku, benze ntoni ke? Bavotele ukuba bayakuthi ngokupheleleyo bazimanye bazihlanganise babenebhunga leenkonzo.

Kwaye kweli Bhunga leeNkonzo, ekufuneka amabandla onke abe ngaweli bhunga, okanye, ukuba akenzanga njalo, awusayi kuvunyelwa nokuvunyelwa ukuba ushumayele, awuvunyelwa nokuba uthandazele abagulayo. Kwaye inkonzo yakho ingasetyenziselwa nantoni na abafuna ukuyisebenzisela yona. Ukuba bafuna ukugcina iibhokisi kuyo, okanye izixhobo, okanye nantoni na abafuna ukuyenza, awusenalawulo ngayo konke. Uyakubaphakathi kokuba ube ngoweBhunga leeNkonzo okanye ungabi ngowanto konke.

Kwaye nantso inkqubo equlunqwa apha kwiZizwe eZimanyeneyo, ezalisekisa iSibhalo, mgca ngamnye. Izalisekisa oko yakuthethayo iNkosi kum ngowe-1933, 'yabona, kwaye simi kwelo xesha kusasanje.

Kwaye uYesu Kristu, iLizwi, usetyaleni, namhlanje, njengokuba kwakunjalo ekubethelelweni emnqamlezweni,

kwaye ngoku Usezandleni zethu. Usezandleni zehlabathi. ILizwi liqondakalaliswe ngokucacileyo, ehlabathini jikelele, 'yabona, kwaye Yena umi ematyaleni. Onke amahlelo aMala. Kwaye ngoku Yena uyancinwa njengee . . . kwiBhunga leeNkonzo, kwaye bayaMala kwakhona bekhetha ngcono njengokuba benzayo ngoko.

83 Uyabona, indalo embalini iyaziphinda, ngokuba indalo iqhubela phambili ngohlobo olunye. Imithi isaqhubela phambili ngokukhula, nemifuno iyaphuma, neentyatyambo, nehlabathi lijikeleza kanye njengokuba lahlala lisenza. Yindalo leyo. Kwaye indalo yesigaba ngasinye sexesha inemveliso, kwakhona, iphinde ivelise imveliso kwimveliso i—isibonakaliso sento i—i—indalo eyayiyiyo ngaphambili kwezo nto. Kwaye, namhlanje, sizifumana kwakhona simi kwakhona kuloo ndawo inye.

Ngoku, uYesu waye "liLizwi," uYohane, isahluko so-1. Siyakholwa sonke yiloo Nto. Yena wayeliLizwi. Kwaye ngokuba Yena wayeliLizwi . . . Ncedani niqonde. Yena wayeliLizwi, kwaye Yena wayemelwe kukuchasana naloo nkqubo.

Kwaye abazange—abazange baMale ngenxa yemiqondiso yaKhe. Abazange benze njalo. Bathi . . . Wathi, "Ngubani onokuNdityhola ngesono?"

"Kwaye bubuphi ububi Abenzileyo?" Kwatsho inenekazi elincinane. "Wenze bubi buni na Lo ngaphandle kokuphilisa abagulayo?"

84 Bathi, "AsiMgwebi ngenxa yezi zinto." 'Yabona? "SiMgweba ngokuba Yena, engumntu, eZenza uThixo." Zabe iZibhalo zabo ngokwazo zitshilo ukuba Uyakuba nguThixo.

U-Isaya, umprofeti omkhulu owabhala amashumi amathandathu anesithandathu eeNcwadi zika-Isaya, eqala nge . . . Okokuqala, njengasekuqalekeni; nasembindini weNcwadi kweza uYohane umBhaptizi; aze agqibezele kulawulo loPhumlo lweminyaka eliwaka. Kwaye ziiNcwadi ezingamashumi amathandathu anesithandathu eBhayibhileni, njengokuba kukho izahluko ezingamashumi amathandathu anesithandathu ku-Isaya. Iyamangalisa into yokuba kube kwenzeke ngolo hlobo. Lo-Isaya 9:6, wathi, "Sizalelwe uMntwana, sinikwe uNyana; kwaye iGama laKhe liyakubizwa ngokuba, 'nguMcebisi, nguMthetheli woXolo, nguThixo Oligorha, uSonini nanini, uMangaliso.'"

85 Kwaye izithethe ezimfamekileyo, okanye iinkqubo, zazingenakukubona oko uThixo wayekuko; ngabaprofeti babo buqu, abo iLizwi leza kubo, elo lathi Yena uyakuba nguThixo. Iinkqubo ezimfamekileyo! Ngoko babelalile iLizwi, baze banqwenela umbulali endaweni yalo uBharabhas.

86 Kwaye, namhlanje, iLizwi, licacile lilelalo mhla, liqondakalisiwe. Lenziwe layinene. Libonakalisiwe ukuba

liyiNyaniso. “Kwaye ngemihla yokugqibela,” njengokuba watshoyo uYesu, “njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom,” njalo njalo, “kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” Kwaloo Thixo, ngokwaKhe, Lowo wayeliLizwi, waxela kwangaphambili isiphelo sexesha noko kuyakwenzeka; kwaye iZibane ziyakuvela ngexa langokuhlwa; nendlela ekuyakuthi ngayo, uMalaki 4, Uyakusithumela ezi zinto aziqondakalise.

87 Kwaye oko kuziswe kwindawo yezigqibo, zaze iinkonzo zaKwala oko. Zinqwenele ntoni ke iinkonzo? Umbulali weLizwi, lowo uthatha inkqubo. Ukuba inkqubo ichasene neLizwi, ngoko ingumbulali weLizwi. Kwaye banqwenele isithethe sehlelo, endaweni yeLizwi eliyinyaniso libonakalalisiwe laqondakaliswa ukuba Lona nguThixo ephakathi kwabantu; ngenzululwazi, ngemifanekiso, ukuKhanya, lo Ngelosi inye yeNkosi, iNtsika yoMlilo.

KwaLowo mnye waphila emhlabeni e—ekumzimba kaYesu Kristu, uhlile phezu kwabantu baKhe ngemihla yokugqibela, apho inzululwazi ithe yathabatha umfanekiso waYo khona. Ibandla liyibonile imisebenzi yaYo. Iqondakalaliswe ngokupheleleyo, ngamakhasethi nayo yonke into, jikelele nakwihlabathi jikelele, yashunyayelwa ngokobuntu.

Kwaye nangoko, kuyo yonke loo nto, iinkqubo zinqwenela iBhunga leeNkonzo ukuze ligwebe iNyaniso. ’Yabona? Banqwenela umbulali oyakukuvala oko, okanye akumise, okanye akuvale. Kwaye, uyakuyenza loo nto, bayakuyimisa iNto enje. NeBhunga leeNkonzo liyakunyanzeleka ukuba liyenze loo nto. Nalo uphawu lwerhamncwa; umchasi-kristu, ochasene neLizwi, elinguKristu. Hayi iincwadi zabo zobu- . . .

88 Bacinga ukuba sisithethe eso. Bacinga ukuba iincwadi zabo zobushumayeli zezikaThixo. ’Yabona? Kodwa azisayi kuma kunye neLizwi, kwaye kananjalo uThixo akazingqineli njengezilungileyo. UYesu waphakama ephethe iLizwi, kodwa engemanga nebhunga labo; koko emi neLizwi. Kwaye iLizwi laqondakalisa ukuba Yena wayenguThixo.

Kwaye Lona liqondakalisa namhlanje ukuba Lona nguThixo, ngokuba Liphila kwa uBomi obunye, Lenza kwaloo nto phakathi kwethu lathi Layenza phaya kudala, laza layixela kwangaphambili.

89 Ngoko benza ntoni bona? Bamnkela into ethile ethe . . . Sele bamnkele, kakade, laa nkqubo inye iyakuLibethelela. Kwaye ukubethelela kokuhlangana okukhululekileyo kwamahlelo sekusondele. Injalo loo nto.

90 Ngoku, loo nto ayichasananga neZibhalo. Ihamba kunye neZibhalo. “Kwaye bazenzela umfanekiselo werhamncwa.” Ukuhlanganisa amahlelo ehlabathi kubuProtestanti obunye, kusenziwa uphawu lwerhamncwa, umfanekiselo werhamncwa, ngokweZityhilelo 13:8, “Balenzela umfanekiselo irhamncwa.”

Irhamncwa yi “Roma.” Siyayazi sonke loo nto. Kodwa yahlala njalo iyiRome, konke . . . Ingayiyo njani—ingayiyo njani iRussia, ngeli thuba iBhayibhile ithi yiRoma? ’Yabona, abantu bafumana nje inkcazelo engeyiyo. ’Yabona? Ingathini ukuba yinto eyenye, ngeli thuba lixelwe kwangaphambili ukuba limelwe kukuvela eRoma?

91 Buyela emva kuDaniyeli kwakhona, intsimbi nodongwe ezinyaweni; intsimbi ayizange ipheze, ukusuka emadolweni ukuya esiphelweni. Kwaye nabani na uyazi ukuba iRussia kwakungaziwa nokwaziwa ngayo ngoko. YayiyiRoma. Irhamncwa elibomvu yayiyiRoma. Yahlala iyiRoma njalo. Kwaye loo ntsimbi ayizange iguquke ibeyinto enye, ukusuka kwiRoma ukuya kwenye into; yahlala iyiRoma. Kwaye irhamncwa yiRoma!

92 Ke iRoma yayinenkqubo yenkolo elathi inxeba layo elibanga ukufa . . . okanye inxeba elibanga ukufa layibulala intloko yayo, kodwa yaphinda yavuselelwa kwakhona, ukusuka kwiRoma yobuhedeni ukuya kwiRoma yoophapha. Ke ngoku bayakuyenzela umfanekiselo, werhamncwa eliphuma kwiZityhilelo 13.

Wakhe waqaphela? Esi sizwe silinani leshumi elinesithathu, kwaye sivela . . . Andikutsho oku . . . Yi—yinto emangalisayo, nangoko, ukuba ibeyenzeke ngokwezibalo, ziba- . . . kanye ngokuchanekileyo ngokulandelelana neSibhalo. Sifumaneka kwisahluko se-13 seZityhilelo, esi sizwe.

93 Kwaye wonke amanye amarhamncwa ayephuma emanzini, ntoleyo ithetha ubuninzi nezihlwele zabantu, yatsho iBhayibhile; kodwa eli rhamncwa lincinane liphuma emhlabeni, apho kwakungekho bantu khona. Nangoko, laliyimvana, inkululeko yezonqulo; laze lathetha njengenamba, lazimanya namandla lenza into eyathi inamba yazenza phambi kwalo. Ngokuchanekileyo. Ngoko nantso ke. I—imelwe kukwenzeka nje ngolo hlobo. Akukho ndlela yimbi yakuyivela.

94 Kwaye yiyo le, namhlanje, ibumba inkqubo. Inkqubo! Asinakulinda kude okuthile . . . Sizamile ukwenza wonke umntu abe ngu—ngumLuthere; asabi nakuyenza loo nto. Sazama ukubenza babe ngamaBhaptizi; asabi nakuyenza loo nto. Bonke babengamaWisile, okanye bonke babengabakwaMoya; ababanga nakuyenza loo nto. Ngoko, ukuze kube nokwenzeka oku, ixesha lifutshane kakhulu, benze ibhunga, intloko, umfanekiselo werhamncwa. Yiloo nto kanye abayenzileyo. Kwaye yintoni ke? Ukubethelelwa emnqamlezweni kweLizwi kwakhona, kusondele. Liyancinwa ematyaleni kwaye kwakutshanje lizakuvela.

95 Qaphela, iLizwi elibonakalalisiweyo, liphumile ehlelweni. Liyabonakalalisa. I—iLizwi elahlukileyo kwihlelo.

Yintoni le? Yintoni le nkqubo? Ngunopopi weRoma. Ingaba iBhayibhile yathi liyakuba yiloo nto? Ewe, mhlekazi! ISityhilelo 17, bayibona iRoma izivelisa njengenkqubo yezemizekeliso, yomfazi. Umfazi, ibandla lihlala njalo limelwe ngomfazi.

Kuba, uMtshakazi kaKristu ungumfazi. U-Eva nguye owawayo; ngumfazi ekunguYe oyakuhlangulwa. Kwaye iBandla (liyintoni?) lingumfazi ohlangulweyo.

96 Kwaye lo mfazi wayehleli phezu kwerhamncwa elineentloko ezisixhenxe. Kwaye siyazi malunga neenduli ezisixhenxe ezo, njalo njalo, njengokuba iBhayibhile yathi iyakwenzeka. Akukho mpazamo. Akukho thuba lampazamo. 'Yabona?

Kwaye qaphela ngoko, sifumanisa ukuba, yena wayengu "NGUNINA WAMAHENYUKAZI." 'Yabona? Kwaye unina neentombi bayamanyana bayahlangana kwakhona ngobuhlobo. Apho, ngethuba elithile, intombi yabaleka yemka kunina, ukuzama ukuphila ngokubekekileyo, kuba unina wayephandle kakhulu ekrwada ngokokude intombazana ilishiye ikhaya. Aha. Kodwa ngoku, ngenxa yokuba sele ikhulile kancinane, yona, yaye isenza izinto ezininzi kangako ezingcolileyo, ngokwayo; ibona unina wayo, icinga ukuba unina wayo wayelungile, ngoko iqulunqa inkqubo eyeyayo. 'Yabona? Ngokuchanekileyo.

97 Ukumanywa kobuhlelo, ubuProtestanti, kuzalisekisa kanye oko iSibhalo sakuthethayo kwiSityhilelo 17. "Bonke, abamagama awayengabhalwanga kwiNcwadi yoBomi yeMvana, babe ngabayo." Kwenye okanye kwenye, phakathi kwerhamncwa okanye umfanekiselo werhamncwa. IBhayibhile yatsho.

NoYesu wathetha ngale nto, hayi njengobukomanisi. Kodwa kuMateyu isahluko sama-24, siqalela kumqolo wama-21 ukuya kowama-26, Waxela kwangaphambili ukuba umoya kule nkqubo uyakufana kanye nento yenene ngokokude ulahlekise nabaNyuliweyo buqu ukuba bekunokwenzeka; abaNyuliweyo, abaMagama awayebhalwe kwiNcwadi yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Kwaye, ngeliphandle, ibenza babopheleleke kangako, ngokokude Athi ukuba Ebengayikwenza mfutshane umsebenzi, ngenxa yabo, bekungasayi kubakho nyama iyakusindiswa phezu komhlaba. Kwaye nje sine . . .

98 Lo ngowe—lo ngowe '64, akunjalo? Kwaye ndicinga ukuba babanga ukuba kwiminyaka elishumi elinesixhenxe ukusuka kuloo nto, ngoko, ngokwekhalenda. Kwaye sinowe—'64, 1964, nto leyo iyakwenza ntoni (yintoni leyo?) iminyaka engamashumi amathathu anesithandathu eshiyekileyo, ukuya kwinkulungwane yamashumi amabini ananye.

Kwaye njalo kwiminyaka engamawaka amabini, ihlabathi laye lafikelela esiphelweni seenkqubo zalo zehlabathi,

iinkqubo zenkolo, ekupheleni kwazo zonke iinkqubo, waze uThixo kwanyanzeleka ukuba angenelele. Wenza njalo ngemihla kaNowa; kwiminyaka engamawaka amabini okuqala. Kwiminyaka engamawaka amabini yesibini; inkqubo yayakufika apho le ngongoma yethu ibizela khona, ngale ntsasa, kwaye Yena wathumela iLizwi laKhe kwakhona. Wathumela iLizwi laKhe ngomprofeti, ngexesha likaNowa, umprofeti uNowa; kwaye abantu baLala ngesizathu seenkqubo zabo. Wathumela iLizwi laKhe kwakhona ngexesha likaYesu, iLizwi labonakalaliswa kwinzaliseko yalo; abantu baLala. Kwaye ngoku ngowe-1964, kushiyeke amashumi amathathu anesithandathu ukuze kuhlangene eminye iminyaka engamawaka amabini elandelayo; kwaye iLizwi livelisiwe, yaze inkqubo yaLala.

99 Sisondele kangakanani? Mhlawumbi kusemva kwexesha ngaphezu kokuba sicinga, 'yabona, ukuba naxesha nini na kungenzeka. Mhlawumbi sele kwenzekile, ngokoko sikwaziyo, njengokuba bendithetha kwiCawe ephelileyo ngokubalapha. Igama lokugqibela lisenokuba selikula Ncwadi; xa lilapho, akusekho kungena kwakhona. Ihlabathi liyaqhuba kanye njengokuba lalinjalo, kodwa iBandla liyakutywinwa. Qaphela ngoku njengokuba sibheka phambili apha. Amagama abo, ngoku, akasayi kubalahlekisa abo banamagama abhaliweyo.

100 Yintoni leyo? Imelwe kukuba ibe yinkqubo. 'Yabona? Kwaye cinga nje, ukuba ngowelo hlelo likulo nkqubo, wenza ntoni ngoko? Wenze ntoni? Utywinelwe ngaphandle, 'yabona, kuneLizwi, kwinkqubo engumbulali emkisayo, "Yokuba nokumila kokuhlonela uthixo, kodwa iwakhanyela Amandla ako." Iluphawu lwerhamncwa. Ngokuchanekileyo. 'Yabona?

101 Lirhamncwa ngaphaya, into elayenzayo; ukuze apha ibengumfanekiselo, ikwayinto enye. Kwaye irhamncwa lalilikhulu kakhulu, elathi labumba ela bandla lehlabathi lonke eNicaea, 'yabona, ngokokude benze lonke—lonke ihlabathi lize kuloo nto, kuloo nkqubo inye. Kwaye babecinga ukuba yayiyinto ebaluleke kakhulu, "Akuzange kubekho mntu unokulwa nabo," yatsho iBhayibhile, bade balenzela umfanekiselo irhamncwa, bezisa onke amaProtestanti bawangenisa kwiBhunga leeNkonzo; lona lathi lenza inkqubo, ngokokude ube wawungacingelwa nokucingelwa ukuba unguMkristu okanye nantoni na eyenye ngaphandle kokuba ube ungowaloo nkqubo.

102 Nanko apho ukhoyo umahluko phakathi kophawu lwerhamncwa neTywina likaThixo. UThixo uyatywina ngeLizwi laKhe. Niyakholwa liLizwi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ngoku uthi, "Ingaba kunjalo, Mzalwana uBranham?" Ewe, mhlekazi.

103 Ngoku, ndiyanazi ukuba nina maSabatha, okanye ma-Seventh-day Adventists, nithi, "kukugcina umhla weSabatha." Kodwa asiyiyo loo nto. Hayi ngokuthanda ukuba mbi kuni, kodwa ngokuphandle loo nto ayisekelwanga zibhalweni.

Ama-Efese 4:30 athi, "Musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi ngaye natywinwa kude kube yimini yentlawulelo yenu." 'Yabona?

104 Ngoku, uMoya oyiNgcwele uliLizwi. UThixo akamthathwanga. Ukwanguthixo omnye ekwizigaba ezithathu, izikhundla ezithathu. UThixo, nguYise, ongamele umthetho; uThixo uNyana, kubabalo; noThixo uMoya oyiNgcwele njengokuba niWubiza, ikwanguThixo omnye ekwizigaba zoMoya oyiNgcwele. UThixo, uYise, wayeliLizwi; uThixo uNyana, wayeliLizwi; noThixo, uMoya oyiNgcwele, uliLizwi. 'Yabona, zizikhundla nje ezithathu, kwaye, kananjalo, thina . . . Kwaye uMoya oyiNgcwele uyakutywina, ngoko utywinwe wacikwa ngeLizwi.

Ngoku uthi, "Kulungile, nditywinwe nge . . . "

105 Kulungile, ngoku, oko kuyakuqondakalisa. 'Yabona? Kuyaqondakalisa. Awunako ukuba ngowenkqubo, uze utyinelwe kuloo nkqubo kunye neLizwi, 'yabona, kuba oko kuchasene, okunye nokunye. Awunakuba nakuyenza loo nto. Kulungile.

Ngoku siyafumanisa ukuba, oonokhanda bomatshini omkhulu, oko uku . . .

Umatshini une . . . inqwelo-mafutha, nee-piston, ii-valve ne-carpurator, njalo njalo. Obo ke—obo ke bubuxhakaxhaka.

106 Ndingathanda ukuthetha kwiBandla kanye apha, into efika enkumbulweni yam. 'Yabona, yiloo nto e . . . Ndiyakholwa ukuba sikufutshane kakhulu esiphelweni, ndi—ndizakuthetha into ngoku. 'Yabona? 'Yabona? U—ubuxhakaxhaka, baninzi abantu abazama ukucacisa ubuxhakaxhaka ngeli thuba ningabaziyo. 'Yabona? Inye into wena . . . Kwaye, uyazi, nimelwe kukuyazi. Ubuxhakaxhaka buyaziwa. Ngoku kwakunokuthini ukuba uMosisi . . .

Kwakunokuthini ukuba umntu othile ngewathi, "Nowa, ndifuna ukuba ucacise u—ubuxhakaxhaka bokuba umkhombe udada njani na. Injani loo nto?" Wayengenakuyenza.

Awumelwe kukuba ubazi ubuxhakaxhaka; kukwazi nje uNdoqo waBo. 'Yabona, uNdoqo nguye omelwe kukumazi.

"Njani?" Kulungile, ukuba umntu othile wayenyuka aye kuSirayeli, athi, "Uthi, Mosisi, ndifuna ukuqonda. Waba nokuzidala njani izilwanyana ngelizwi elilelakho?"

107 Wathi, athi, "Asilolizwi lam. LiLizwi likaThixo. Nguye ondixelele ukuba ndenze loo nto." 'Yabona?

108 Ndi—ndi—ndi . . . “Ndixelele, ndicacisele ukuba wazenza njani na iimpukane ukuba zibekho emhlabeni, ngoku kwakungekho nanye, iimpukane ezininzi olo hlobo phezu komhlaba.” ’Yabona? UMosisi wayengenakuyicacisa loo nto, ngokwakhe. Awumelwanga kukuyicacisa. “Wawenza njani ukuba umoya waseMpuma uze uvuthuze umngxuma unqumle uLwandle oluBomvu, saza sonke sakulandela kumhlaba owomileyo. Ndicacisele ubucukubhede baloo nto. Yintoni—yintoni—yintoni eyayiyi—yi—yinkqubo owayisebenzisayo, Mosisi? Yintoni? Ndixelele uphando-nzululwazi lwaloo-atom wayikhululayo.” ’Yabona? ’Yabona?

109 Wayengayazi. Yena, ke, wayengabazi ubucukubhede; wayesazi nje undoqo. Kwaye—kwaye yiyo leyo indlela.

Andinakukuxelela ukuba ndiphila njani na. Andinakukuxelela ukuba uphila njani na wena, kodwa uyaphila. Andinakukuxelela ukuba intliziyo yakho yenza njani na, nokudla kwakho ukuba kungena kwenze igazi njani na. Ukuze kuthi nga—ngamandla okudla, kuze—kuze kungene ngaphakathi kwigumbi lesithathu lomzila wamathumbu kujike kube ligazi lobomi, lize lithunyelwe kuwe kwakhona. A—andinakuyicacisa loo nto, kodwa iyenzeka. ’Yabona, oko kuyayenza. A—andinakuyicacisa. Andibazi ubucukubhede bayo. Ngundoqo nje kuphela.

110 Ngoku, uMosisi usenokuba wayebazi ubucukubhede, kodwa kwakungekho mntu wumbi kwenye indawo unokuyiqonda loo nto ingenguye uMosisi. Babesazi ukuba oko kuyasebenza, oko ke kuyanelisa. Kutheni abantu benganeliseki nje yiloo ndlela namhlanje? ’Yabona? Wayengenakuba nguMosisi wonke umntu. Kwakukho uMosisi omnye nje kuphela. Bazi nje ukuba yayinguThixo. Babona ukuba yayinguThixo.

Kwaye balandela beqhuba kakuhle bade baqalisa ukuba nombuzo kuloo nto, bazama ukuphakamisa umntu othile ongomnye ukuba enze kwaloo nto, uKora, uDatan. Bathi bakufumana omnye umntu ukuba angenise ukulinganisa okukokwenyama, ekugqibeleni uThixo wathi, “Zahlule. Musa ukungena kuloo nkqubo yombutho. ’Yabona, phuma nje ngaphandle kuyo! Ndizakuyiginya.” Waze Wavula umhlaba wawuginya. ’Yabona?

111 Akukho nto uyaziyo, awumelwe kukuba ubazi ubucukubhede. Yazi nje undoqo, lento yenza ukuba ibe nokundondoza, iyenza ibe yinyaniso, ubone ukuba ibetha kanye koko kujoliswe kuko eyathi iBhayibhile yakuthembisa ukuba kuyakubetha kuko kulo mhla. ’Yabona, liLizwi kwakhona, kubuyelwe eLizwini.

112 Ngoku, umatshini omkhulu uhleli ngoku, ulungele ukuhamba. Ubuxhakaxhaka sele bukho. Sele benabo ubuxhakaxhaka benkqubo yombutho obuyakuthi buzise, phezu komhlaba, “uxolo,” batsho. Bane . . . njenge U.N.

Izizwe ziyamanyana zihlangana. Lixesha lokumanya. Ndisandula ukushumayela ngaloo nto, kutshanje. Yi... Bayamanyana behlanganisana, ukuze bazise ntoni? Uxolo lwehlabathi. Benza loo nto kwiBhunga leZizwe. Bahlala besenza loo nto, kwaye ayisebenzi. Ayinakusebenza. I-U.N. akukho nto iyiyo ngaphandle kwebhola yerabha efunqulwa nguwo wonke umoya wemfundiso yezizwe. Iyakuhlutha ibhabhe phezu kwayo nantoni na. Ayinakusebenza.

Ngokunjalo neBhunga leeNkonzo alinakusebenza. Lingumbutho owenziwe ngumntu, ochaseneyo nenkqubo... okanye nenkqubo yabo ichasene neLizwi likaThixo, kwaye ayinakusebenza. "Bangathini ababini ukuhamba kunye bengavani?" Aninakuyenza loo nto. Kwaye lingathini ibandla loBukristu, ukuba linyanzeleke uku...

113 A—abePentekoste, ama-Assemblies of God, kunye ne—nezinye iinkonzo ezinkulu zo—zobukumkani bobuPentekoste, nabantu beFull Gospel, bangathini ukuncama imfundiso yabo yokuvangela, kwa eyona mithetho iphambili bebemi kuyo? Nalapho babeveliselwe khona, ukuze baze kuloo mibutho bayigxeke; kwaye banyanzelekile ukuba bancame imfundiso yabo yokuvangela, ukuze bahambe namadoda angavumelaniyo kwiimfundiso eziphambili zeBhayibhile, neMpiliso eNgcwele, naMandla kaThixo, noYesu Kristu. "Bangathini na ababini ukuhamba kunye bengavani?"

114 Nantso ke, yiloo yure esifike kuyo, kwaye nguloo matshini mkhulu ulungisiweyo. Ngoku banabo ubuxhakaxhaka. Inye into abamelwe ukuba nayo nguSathana angene apho, kunye nondoqo, ukuze anyanzelise ukuphawula kwerhamncwa. Xa lithe lanyanzelwa ukuba lihle, ngoko undoqo uyasebenza. Ubuxhakaxhaka bukho. Sele benabo.

115 Mandithethe into, kananjalo; eli xesha lokumanya, kukubona iinkonzo zimanyana, izizwe zimanyana. Lixesha lokumanyana likaThixo noMtshakazi waKhe, kananjalo. Kwaye oku ndikuthetha ngentlonelo nentlonipho. Ndiyakholwa ukuba uMtshakazi kaKristu uyabizwa. Ndiyakholwa ukuba Yena utywinelwe ngaphakathi kuBukumkani bukaThixo. Ndiyakholwa ukuba ubuxhakaxhaka bukho. Balindele uNdoqo oyakuMthabatha emke emhlabeni, angene eBuqaqawulini, kuXwilo. Ndikholwa yiloo nto ngentliziyo yam yonke. Ewe, mhlekazi. Asazi ukuba Uyakuyenza njani na loo nto, kodwa Uyakuyenza.

Nguye uNdoqo. Sibangamalungu nje thina omatshini, woMzimba waKhe, sizimilisela kumfanekiselo waKhe, size siMbone Emanyana kunye nathi, kwimisebenzi yaKhe, ngezipho zaKhe zothando, njengokuba Ezinikela kuthi kanye nje phambi kweSidlo sangokuhlwa soMsitho. Kwaye silindile, sikhangele kuloo nto.

Ibandla labo elikhulu lilindile, kananjalo, liyamanywa.

116 UNdoqo weli Bandla uyakuba kukuzaliswa nguMoya oyiNgcwele kwakhona ebesisebenza ngomlinganiselo omncinane ngeli thuba iLityeontloko lisihla ukuza kuzimanya kunye noMzimba. Kodwa xa loo Ntloko noMzimba zimanyana kunye, amandla azeleyo oMoya oyiNgcwele ayakuMphakamisa kanye ngolo hlobo; nabafileyo buqu, abafele kuKristu, kumakhulu eminyaka eyadlulayo, bayakuvuka bekubuhle bobungcwele baKhe, babhabhele esibhakabhakeni. UNdoqo unguMoya oyiNgcwele.

117 Ke ngoku uNdoqo wolu lawulo lukhulu balwakhileyo, loo matshini mkhulu uyakusebenza ngenye imini ekumanyweni kweBhunga leBhunga leeNkonzo zeHlabathi, eliyakuthi linyanzele, kananjalo. Khumbu-. . . kodwa khumbula . . .

Uthi, "Xa kusenzeka oko . . ." Liyakube liphele kakhulu ixesha ngoko kuwe. Sele ungaphakathi. Nokuba ufuna ukuba lapho na, okanye hayi, sele ulapho. 'Yabona? Qaphela, sele unawo loo moya uphezu kwakho.

118 Ngaloo mhla xa u—xa u—xa umoya woMoya uyakube uvuthuza uvela empuma, entla, entshona, nasezantsi, unyanzela abantu ukuba baphume kuwo, ubonisa abantu!

Naso isizathu sokuba ndibe ndichasene kangako nalaa nkqubo. Ndabona ukuba kukho into ethile, ubumnyama. Njengokuba ndabona abafazi indlela abayakuqaba ngayo laa nto ebusweni babo, bendinixelele kwiCawe ephelileyo, ndandisazi ukuba kwakukho into ezayo.

119 Kwakutheni ukuze ndichasane nento enjalo? Ndandingayazi; ndiyayazi ngoku. Kwakutheni ukuze ndichasane nonqulo lobumbano? Kungokuba (Ndiyayibona ngoku) luluphawu lwerhamncwa. 'Yabona? Andizange ndiyithethe loo nto kwade nje kwakwiveki ezimbalwa ezidlulileyo. 'Yabona?

Ngoku, emva kwezopolitiko zenkonzo, kwenzeka ntoni ngoko? Emva kokuba iLizwi lithe langqinelwa ngenyaniso? Ngoku, khangela, kuthe ekugqibeleni kwafika kwindawo apho kuyakuthi kubekho kukuzinza khona. Inyathelo labo elilandelayo ngoku yayi . . .

120 Yayiyintoni inyathelo elilandelayo lamaYuda emva kokuba ibandla lathi laLimangala? Ibandla lamangala iLizwi. Abazange babe nanto yakwenza naLo. "Yayingumoya ongcolileyo." Lalizazi iingcinga ezazisezintliziyweni zabo. "Lalingcolile." Phofu, YayiliLizwi. Imisebenzi Awayenzayo, yayingqina ngaYe, yangqina ukuba WayenguBani na. Babengafuni nto yakwenza naLo.

Ngoko, into elandelayo, kweza urhulumente. Kwaye lo ngurhulumente wenkonzo, ngokuba zonke izizwe

ziyachaphazeleka. Kwakukho isizwe sabahedeni esasinolawulo phezu kwesizwe sabenkolo. Ngoku, kunje, yonke into yinkolo, ngoko imelwe kukuza kwihlabathi lenkolo.

Owu, bethu, nomntu oyimfama angayibona loo nto! Kwaye uthini umntu oyimfama akubona le nto? Xa eyibona, uyakuphuma ebumfameni bakhe.

121 Qaphela phaya ngethuba eli bhunga lehlabathi lihlangana, "Simenzeni na lo Yesu kuthiwa nguKristu?" Bona ngokuqinisekileyo abananto yakwenza naLo. Ngoko ke inye kuphela into enokwenziwa, ngoko, kanye njengokuba benzayo ngoko, bayakuLibethelela, ngokuqinisekileyo, baLivalele. Ayinakwenzeka kwakhona. Alinakuvunyelwa ukuba likwenze oko. Uxinzelelo lwenkolo yezizwe alusayi kulivumela kwakhona. Ulungiselelo olunje olu luqhubeka apha, nezinto ezinjalo, luyakuvalwa ngokupheleleyo. Awunako ukuqhubela phambili ngaphandle kokuba uvunyelwe kundlu-nkulu, intloko yebandla, 'yabona, umfanekiselo werhamncwa. Owu! Silapha, kuphelele apho. Si—si—sifikile.

Kwaye kungqinelwe ngenene; inyathelo elilandelayo kukuMbethelela.

122 Yinto enye njengangoku, besenza ukuba bonke abangavumi ukumanyana nabo, bayakuvalelwa ngaphandle bangavunyelwa ukuba bashumayele, uyabona. Oko kubethelela emnqamlezweni, ngokutsha, iLizwi elingqinelweyo lesithembiso. Bayalimisa, "Anisavumelekanga ukuba nalo kwakhona. Akusekho nkonzo zampiliso. Akusekho kuthandazelwa kwabagulayo. Hayi, mhlekazi! Awunakuyenza loo nto. Hayi, akukho nakunye kokunye oku. Hayi, mhlekazi! Ndiyakuza ngeBhunga leeNkonzo kungenjalo anisayi kubanayo konke konke."

123 Ngoku ningabona ukuba kutheni na ndichasene nonqulo lobuhlelo nje, kungokuba luluphawu lwerhamncwa. IRoma iyintloko yalo, eyokuqala. Injalo kanye loo nto. Kwaye yenza ukuba bonke balithabathe ngokumanyana neentombi zayo, ngumfanekiselo lowo. Unina walo wenza kwaloo nto inye. Yaqala phi iRoma ukwenziwa umbutho? Yayiyintoni inkolo yokuqala eyathi yenziwa umbutho ehlabathini? BubuKatolika baseRoma. Nabani na onelizwi elithi asibubo, yenza nje ukuba ndilive. Akakho apha. Umbutho wokuqala, ibandla lokuqala elathi lenziwa umbutho, kwakuseNicaea, eRoma. Ewe, mhlekazi. Kwaye yiloo nto kanye abayenzayo.

124 Kwaye wenza ntoni uLuther emva kokufa kwakhe? Benza kanye into enye abayenzayo eNicaea, eRoma. Benza ntoni emva kokufa kukaWesley? Benza ntoni emva kwazo zonke ezo ntshukumo zinkulu zathi zavela? Benza kwa into enye, benzela ihenyukazi iintombi, kanye ngokuchaneke ngokugqibeleleyo. Njengokuba, ngendlela enye, sifumanisa ukuba apha . . .

125 BendineSibhalo esincinane endisibhale apha. Mhlawumbi kungcono ndisitsibe sona. Kodwa, kwaye khangela, babene . . .

Ukubunjwa kumele ukuba nenkqubo enye ehlanganisiweyo namhlanje. Inye into abayisweleyo ngundoqo waloo nto, into nje yokuyingenisa ngokunyanzela. Ukuza kufikelela kumanqam, kwangoku.

126 Ibandla lobuKatolika namabandla obuProtestanti aza kuba ngabahlobo. Ndanixelela loo nto ukusukela—ukusukela kude kula mashumi mathathu anento eminyaka edlulileyo. Ayakumanyana ahlangane. Kwaye niyabona kanye ukuba enza ntoni na ngoku. U—umProtestanti akasayi kuba ngumKatolika, kodwa bayakuba nobuzalwana obumanyiweyo, uphawu lwerhamncwa, ukufaniswa nerhamncwa.

127 Ngokufana nendlela enye awathi ngayo unina, u-Eva, wonakalisela ihlabathi lonke ekufeni kwenyama. Umama u-Eva! Phulaphula. Umama u-Eva wangcolisa uhlanga loluntu luphela, ngokufa kwasenyameni, (njani?) ngokwala iLizwi aze amkele into ethile ephantse yafana naLo. Wabanga konke ukufa kwasenyameni ngokuba washiya iLizwi eliyinyaniso, waza wakholelwa iLizwi lenyaniso lonke washiya nje intwanana. Ukungavumelani nje okuncinane okunye neLizwi elizeleyo likaThixo kwabanga yonke intliziyo ebuhlungu, konke ukufa nayo yonke into eyakhe yakho phezu komhlaba. Ngu-Eva owayenzayo loo nto, unina wokufa. Ngoku uyabona ukuba siyaphi na? Unina wokufa, qaphela, wasuka nje akakholelwa iLizwi.

Wathi, “UThixo utshilo . . . ”

USathana wathi, “Kunjalo.”

“UThixo utshilo . . . ”

“Kunjalo.”

“UThixo utshilo . . . ”

“Kunjalo.”

“UThixo utshilo . . . ”

128 “Ewe, oko, kuchanekile. Nge—ngendlela ethile, kunjalo, kodwa, ’yabona, oko—oko—oko akuLilo lonke. ’Yabona, ni—niyakuvuleka amehlo enu, niyakuba . . . ”

Kodwa uThixo utshilo, kwaye oko kuphelele, liLizwi! [UMzalwana uBranham umbambazela iBhayibhile yakhe—Mhl.] ’Yabona, waqala nje ngokulizisa ngendlela elingeyiyo okuncinane iLizwi, kwaye, yinto enye, kuphela kuyinto enye.

129 Qaphela, intombi iyimveliso kanina noyise, ngokumanyana. Ngoku nantsi into eyothusayo. Kodwa ukufa ngokwasenyameni, ukufa kwasenyameni kukumanyana komama u-Eva noSathana, bahlangane, ngokungalikholelwa

iLizwi likaThixo. Bahlangana baza bangenisa i—imveliso yokufa. Yena, u. . . Ukufa kuyimveliso yokuhlangana kukaSathana no-Eva, kunye.

130 U-Eva wayenalo iLizwi. USathana uchasene neLizwi. Kwaye, khangela, kuphantse ukuba ngamashumi alithoba anethoba namashumi alithoba anethoba ekhulwini aLo, uSathana wavuma ukuba oko kwakuyinyani. "Ngokusondele kakhulu," iBhayibhile ithe, "ngemihla yokugqibela, kuyakulahlekisa nabaNyuliweyo ngoku ukuba bekunokwenzeka." 'Yabona indlela ekungena ngayo, indlela ekwahlala kuyiyo, indlela ekuphuma kuyo? Kwindlela enye, kukuhlangana kokungakholwa kulo lilonke iLizwi likaThixo elizeleyo. Niyifumene? Yiloo nto eyezisa ukufa, kukuhlanganisa ukungakholwa neLizwi. Ukungakholwa, okuncinane nje, okuncinci kwako; okuncinane, intwana, intwana encinane, isinye ekhulwini somlinganiselo wekhulu omnye. Kodwa Limele kukuba libe likhulu lomlinganiselo wekhulu! Kuphelele apho.

131 Qaphela, intombi kaThixo ibandla, uMtshakazi, naye uyimveliso, kaThixo neLizwi laKhe, ukumanya. UMoya oyiNgcwele umanya umzimba nenyama, wavelisa uNyana kaThixo, imveliso yobulungisa kaThixo. Kwaye ngomhla wokugqibela, njengokuba sixelelwe, "njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom," uMtshakazi uyakumanywa ngeLizwi likaThixo enziwe abonakalaliswe esenyameni, uMoya oyiNgcwele ubatywinela ngaphakathi kuThixo, uze utywinele ukungakholwa ngaphandle, ngaphandle.

132 Njengokuba benditshilo, ukuba ubomi bukaBeethoven bebungaphakathi kuwe, ubuyakuphila njengoBeethoven; ukuba ubomi bukaHitler bebungaphakathi kuwe, ubuyakuphila njengoHitler. Kwaye xa uBomi bukaKristu bungaphakathi kuwe, uyakuphila njengoKristu, nemisebenzi kaKristu uyayenza. Kwaye oko kuyakwenzeka. Ukuba uKristu ebephila namhlanje, Ebeyakwenza kanye oko lathi iLizwi litshilo ukuba Uya kukwenza, kwaye ukuba iLizwi lithe, "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade," kutheni ukuba eli hlabathi limfamekileyo lezemizekeliso lingaboni ukuba baphila kweliphi na ixesha? 'Yabona?

133 U-Eva wabanga konke ukufa kwasenyameni, ngokuzama ukufakela isikizi likaSathana eLizwini. Kwaye ikwayinto enye le yenzeka ebandleni, eNicaea, eRoma, ngokuthabatha imigaqo endaweni yeLizwi. Ikwayiloo nto inye kumaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, njengokuba ukuKhanya kusithi gqi kwisigaba ngasinye baKwala.

Naso isizathu sokuba amaLuthere afe ngethuba kwakuvela uWesley. Yayisesinye isigaba sexesha. ILizwi lavela, kwaye babemelwe kukuLamkela kungenjalo bafe. Naso isizathu sokuba babe abakwaMoya bayafa ngoku, kungokuba sifikile isigaba sexesha. ILizwi lenziwe labonakalaliswa, ixesha

lokhozi, ixesha leLizwi ukuba libuye, “ukubuyisela uKholo looyise, kubantwana kwakhona.” Kwaye bamanyene kangako, bayaLimangala, kwaye akukho nto bayiyo koko bakukufa komoya. Kwaye njalo . . .

134 UMzimba kaThixo, umanywe njengoMtshakazi waKhe, uMnye; Yena noKristu, behlangene, banguMoya usebenza kwinyama yeBandla njengokuba Wawusebenza kwinyama kaYesu Kristu, kuba Liyinxenye yoMzimba waKhe. Abababinanga; koko bamNye! BamNye. Umyeni nenkosikazi abasebabinanga, koko bamNye. NoKristu noMzimba waKhe bamNye. Kwaye kwaloo Moya wawungaphakathi kuKristu ungaphakathi kuMtshakazi waKhe, kuMzimba waKhe, loo nto iBamanya kunye nalo lonke iLizwi. Kwaye uThixo uphila ngaphakathi apho, ngokwaKhe, elibonakalalisa.

135 Kwaye umchasi-kristu, uyakuthi, “Owu, ndiyakholwa kuKristu, ndiyakholwa kwiVangeli, ndiyakholwa kwezi ziNto, kodwa, uyazi . . .” Nantso ke. “Kodwa, uyazi, imihla yemimangaliso idlule. Akukho nto injengaleyo, ’yabona.” Nantso ke. “Owu, andikholelwa ekubeni umelwe ukuba ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.”

136 Kodwa iBhayibhile ithe umelwe. Ngoku ndifuna izifundiswa ezithile zezakwaLizwi ukuba zingavumelana naloo nto. ’Yabona? ’Yabona? Kumelwe kukuba njalo. Uthi, “Ke, ubhaptizo alwenzi mahluko.” Kulungile, ngoko, kwakutheni ukuze lubhalwe? Kwakutheni ukuze lwenze umahluko kuPawulos? Kwakutheni ukuze lwenze umahluko kubo bonke abanye? Kuphakathi kokuba ubhaptiziwe . . .

IBhayibhile ithe, “Unegama lokuba uphilile, ukanti ufile,” kuba akukho gama limbi linikiweyo phantsi kweZulu.

Kutheni ushumayela ngaLo nje, uthandaza ngaLo, nayo yonke enye into, kodwa, xa usiza equleni, uLimangale? Ehe. ’Yabona?

Ndathi kwenye indoda ngenye imini, ndathi, “Kungathini ukuba umntu . . .”

Yathi, “Loo nto ayenzi mahluko.”

137 Ndathi, “Ukuba indoda ize kuwe, ize ithi yabhaptizwa egameni lo ‘Mfiyo waseSharon, intyatyambo yaseZihlanjeni, neKhwezi loKusa,’ ungathi uyalungisa?”

Yathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Ungamphinda ukumbhaptiza?”

“Ewe.”

Ndathi, “Ungambhaptiza njani?”

Yathi, “Egameni lo ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.’”

138 Ndathi, “Kulungile, ngoku wenze ngokuchanekileyo kanye, ubeke . . . Ukuba ubiza loo ‘magama,’ wenze kwa into enye

ebiyenzile xa ibisithi, ‘uMfiyo waseSharon, inyibiba yaseZihlanjeni, neKhwezi loKusa,’ ngokuba sisihloko eso, ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele’ sisihloko. ’Yabona?”

Yathi, “Kodwa uYesu wathi babhaptize, ‘kwiGama.’”

139 Ndathi, “Yiloo nto kanye Awayethetha ukuba mayenziwe. Kodwa entwenini, hayi—hayi . . . Akazange athi, ‘bizani loo magama.’ Babhaptizeleni eGameni, ‘iGama! Owu, bethu!” Ndathi, “‘UYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele’ zizihlonipho.’ IGama loYise, Nyana, . . . IGama loYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.’” ’Yabona? Ndathi, “Wathi Laliyintoni uPetros? Bathi Laliyintoni abanye bona? ’Yabona? Liyintoni Lona? Aha. I ‘Nkosi Yesu Kristu iliGama lo ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.’” Unamalunga namashumi amathathu amawaka abantu belizwe omelwe kukubabhaptiza kwakhona. ’Yabona? Kulungile. Kodwa yinyani leyo. UPawulos wathi, “Ukuba iNgelosi evela eZulwini . . . ”

140 UPawulos waxelela abo bantu babengabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, kwiZenzo 19:5, ukuba, ukuze bamkele uMoya oyiNgcwele, bamelwe kukuza. Nangona babekhwaza bedumisa uThixo, besenza izinto ezinkulu, wathi bamelwe kukuya baphindwe ukubhaptizwa, kwakhona eGameni likaYesu Kristu. Emva kokuba uYohane umBhaptizi wayebabhaptizile, bamelwa kukubuya baphindwe ukubhaptizwa.

Kwaye wathi, kumaGalati 1:8, “Ukuba iNgelosi evela eZulwini ifundisa nantoni na eyenye kunokuba ndanifundisayo, mayiqalekiswe.” Ewe, mhlekazi. Ngoko simelwe kukuhlala kanye kunye nela Lizwi, lonke iLizwi laLo. ’Yabona?

141 Qaphela. Owu, alinazindawo zibuthathaka; qiniseka nje ngokupheleleyo. Ukuba kukho nantoni na oyithandabuzayo engqondweni yakho kungcono uyilungise ngoku musa ukulinda kude kube ngoko, seliphele kakhulu ixesha. Musa ukulinda ude uthabathe uphawu lwerhamncwa ngokunzulu kangako awunakuze uLibone kwakhona, uyakuba yimfama.

Wamfamekisa uSirayeli, khon’ukuze Abe nokubonakalalisa iLizwi laKhe. Wenza kwaloo nto inye kwiiNtlanga, kuba apha—apha sihamba siye kungena nje ngendlela enye kunokuba benzayo ngoko.

142 Qaphela, u-Eva wala wancama amalungelo akhe. Emva kokuba wayesele elibonile iLizwi lingqinelwe nguThixo, into Awayenzayo waLimangala wancama amalungelo akhe. Yinto enye abayenzayo eNicaea, eRoma. Kwaye yinto enye abayenzayo ngoku kwiBhunga leeNkonzo. Ngokuchanekileyo nje. Bazalwana, yiyo leyo, ukusuka kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo, iyinto enye. Nantso into awayenzayo uSirayeli. Nantso into awayenzayo uPilato. Nantso into eyayenzayo

yonke into, njalo, ukusuka ku-Eva kude kube ngoku, yinto enye. Bala iLizwi elingqinelweyo bathabathe umgaqo, endaweni yalo. Oko kubanga ukufa, ukufa komoya.

Bafile! ILizwi lisashunyayelwa kwabafileyo. Ngokuchanekileyo! Abasayi kungena kwiMillenium, ngoku, 'yabona. Sele—sele beshunyayeziwe. Mhlawumbi bayaLifumana khona ngoku. 'Yabona?

143 Oonyana bakaKayin, owayeyimveliso yokungakholwa kwiLizwi likaThixo, oonyana bakaKayin bawunyelisa umyalezo womprofeti uNowa. Niyayiqaphela loo nto? NgeLizwi likaThixo kwanyanzeleka ukuba ezise u—ukuxela kwangaphambili umgwebo, nemiqondiso ebonakalayo, imiqondiso engqinelweyo yokuba ixesha lalisekupheleni, baze oonyana bakaKayin bahlekisa ngaloo Nto.

Kanye njengokuba besenza ngoku. Ngoko, loo nto, bayenza ngomhla kaYesu. Benza ngokunjalo kuzo zonke izigaba zexesha. Kwahlala kunjalo. Bayagxeka bahlekise ngaLo. Wathi, "Ngemihla yokugqibela kuyakubakho abagxeki, besithi, 'Akukho mahluko kwixesha, okoko oobawo bethu balalayo.'" Wena, 'yabona?

144 Benza ngokunjalo oonyana bakamtyholi, ngeenkqubo zeenkolo, kwiLizwi lenziwe labonakalaliswa ngexesha likaYesu Kristu. Khangela, iinkqubo zenkolo zabantu abangamaYuda, [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulpitini, athi, "Dade Rose."—Mhl.], abantu abangamaYuda ababemelwe kukuba bazi ngcono koko inkqubo yabo yababanga ukuba bale bagxeke iLizwi likaThixo (ababebanga ukuba bayalikholelwa) lenziwe labonakala, kungekho neLizwi elinye eliphume ecaleni. Benza kwaloo nto.

145 Yinto enye abayenzayo namhlanje. Iinkqubo zenkolo kuloo matshini mkhulu bawulungisileyo ngoku ziyakwenza njalo, ngokuqinisekileyo, ziwamangele amadinga ngexesha lesiphelo; kunye noMyalezo wexesha lesiphelo, umqondiso wexesha lesiphelo, yonke into yexesha lesiphelo emelwe kukuba kho, njengokuba uThixo wayixela kwangaphambili, iLizwi neLizwi.

Isekhasethini. Ukuba—ukuba bandidubule ndawa, nantoni na ekuyakubayiyo, abasayi kuwumisa loo Myalezo! 'Yabona? Uyakuhamba nje ngendlela efanayo. 'Yabona? Sele uphumile. Ushicilelwe. Umkile. 'Yabona? Babengenakuze babenako . . . Li—liLizwi lesiphelo, kanye ngoku. Um- . . . Lingqinelwe ngokupheleleyo laqondakaliswa, ngokuphinda phindiweyo kwakhona; ngemiqondiso, izimanga, ngobucukubhede, ngoo—ngoo—ngooNdoqo, nge—ngenzululwazi, ngebandla, ngoThixo ngokwaKhe eqondakalalisile ukuba yiloo yure; ngokubini ngeLizwi, nangemiqondiso nezimanga.

146 UMyalezo ongqinelwe nguThixo phakathi kwenu, ngemiqondiso nezimanga zale yure. UMyalezo othi uYesu

Kristu akafanga, koko uyaphila isekwayinto enye njengokuba Wayehleli enjalo, kwaye uyathumela. Kwaye ngokuchanekileyo uzalisekisa uMalaki 4 nazo zonke ezinye iZibhalo awathi uYesu ziyakubakho ngemihla yokugqibela, zizalisekile ngokupheleleyo, kokubini kokwenzululwazi, ngehlabathi. Kwaye oolindi-xesha bathwele imifanekiso emikhulu yezangqa zokuKhanya, ezazixelwe kwangaphambili apha. NeeNgelosi zikaThixo, ezathi zehla, ekungekho nto bayaziyo ngazo. Kwaye kuyo yonke indawo, naphina, kuqondakalalisiwe, kwihlabathi liphela!

147 Kukubethelela emnqamlezweni okulandelayo, kwaye sijongene nako. Njengokuba uYesu watshoyo ngoko, "Ndithini na, 'Ndisindise Na, Bawo, kule yure'? Kodwa, hayi. Mayenzeke intando yaKhe, 'yabona, emhlabeni, njengokuba isenziwa eZulwini."

148 Nantso into iBandla eliyithethayo, namhlanje, ukusuka entliziyweni yalo, "Mna ndijoyine into ethile. . .? Hayi, Nkosi, hayi. Intando yakho mayenziwe, njengokuba isenziwa eZulwini."

149 Qaphela, emva kwesithembiso seLizwi lesigaba esasingqinelwe, baLimangala. Benze into enye namhlanje. Kwaye ngoku ndiyehla ndiya ekuvaleni ngoku. Kwaye njengokuba Wezayo ngoko eZibonakalalisa ngokucacileyo ukuba uliLizwi, kwaze kweza kumboniso wamandla apho kwakumelwe ukuba bakhethe iLizwi kungenjalo bathabathe inkqubo; kufikelele kuloo nto inye namhlanje, kunyanzelekile bakhethe iLizwi okanye bathabathe inkqubo. Kwaye bayakunyanzeleka ukuba bathabathe inkqubo. Ngoku yenza ntoni loo nto? Ekuvaleni. Usezandleni zehlabathi. Kunjalo.

150 Ngoku, ingongoma yam. Yindlela ende leyo yokuzama ukwakha jikelele, kodwa ngoku ndisandula ukuqalisa nje, uyabona. Ningaphakami, ndiyaqhula nje. Khangela, nantsi ingongoma yam. Siyayazi loo nto. Kwandlalela nje oko. Sinayo yonke ithiwe natya apha ngoku. Masiyilungise ize ekhaya sibone ukuba ikhangeleka njani na, siyifake phantsi kweglasi.

151 UYesu usezandleni zabantu. Usezandleni zebandla. Niyakwenza ntoni ngalo Yesu kuthiwa liLizwi elithanjisiweyo? *Ukristu* uthetha "iLizwi elithanjisiweyo." 'Yabona?

"Niyakwenza ntoni ngalo Yesu?" Watsho uPilato. "Ndenze ntoni na ngaLo? Yintoni, yintoni inyathelo lam? Ndingenza ntoni ngalo Yesu kuthiwa nguKristu?"

152 Labiza lisithini ihlabathi? Labiza lisithini ibandla? "MaLibethelelwe! MaLimiswe! AsisaLifuni."

153 Ndizakukubuza into. Ungaqikelela ityala elikwizandla zika-Oswald, kusasanje, lo ugwinte uMongameli? Ungasiqikelela ukuba siyakuba yintoni na isigwebo sakhe ukuba ufunyaniswe inguye owenze loo nto? Unganakho—

unganakho ukuqikelela ukuba kuyakubakho inceba eseleyo ngaye? Igazi loMongameli we-United States lisezandleni zakhe. Ucinga ukuba iNkundla yoMdibaniso . . . Akukhathaliseki nokuba ucenga kangakanani na, "Bendingazimisele ukuyenza loo nto," loo nto ayisayi kumthethethelela nakancinane. Uyakutshabalala. Kuba? Unegazi loMongameli ezandleni zakhe. Ungayiqikelela indlela aziva ngayo? Ungafuna ukuba loo nto ibesezandleni zakho? [Ibandla, "Hayi."]

154 Kulungile, uthini ngeGazi likaYesu Kristu ngoko? Ucinga ukuba uyakuxolelwa, emva kokuba Lingqinelwe ngokupheleleyo? Uyakuyiphepha njani loo Nto? IGazi lakhe lisezandleni zakho, unetyala! Moni, uyaphi xa usuka apha? Uyakwenza ntoni emva kwale nkonzo yakusasanje?

155 Ucinga ukuba, uthi, "Ke, bendizimisele . . . bendingazimiselanga ukuba ngumntu ombi." U-Oswald usenokuba uthetha kwaloo nto.

Ukuba ubulungisa beNkundla yethu ePhakamileyo buyakubiza ubulungisa, buyakubiza. Lu—lolwethu . . . Luqobo lwesizwe. Isizwe siphela sibopheleleke kwiNkundla ePhakamileyo leyo, kwaye akunakubakho nto iyenye iseleyo. Waphule umthetho. Umelwe kukuyihlawulela loo nto. Akunamsebenzi nokuba ebengazimiselanga kangakanani na, nokuba bezinjani na iinjongo zakhe, okanye nantoni na malunga noko; uzakuhlawula ngenxa yayo, nakanjani na.

Ukuba iNkundla yethu ePhakamileyo nobulungisa bayo inyanzelisa imbuyekezo yomvuzo, uyakuzifumana unjalo ngokungaphezulu kangakanani kwiQonga loMgwebo kaThixo, xa ufike uneGazi likaYesu Kristu ezandleni zakho? "Ndimenze ntoni na uYesu ekuthiwa liLizwi elithanjisiweyo?" ULivile. Uyazi ukuba LiyiNyaniso. Lingqinelwe ngokupheleleyo.

156 Umbulali? Uyakunqwenela umbulali weLizwi olihlelo, kunoKristu ongenatyala? Uyakubethelela? Uya—uyakuba nesibindi sokuthabatha uBharabhas? Ungabiza ukuba kukhululwe uBharabhas? Angathini ukuba nokwenza into enjalo nabani na, ukubiza uBharabhas, umbulali weLizwi; kunokuthabatha iLizwi, ngokwaLo, elibuBomi. Kwaye Lisezandleni zakho.

157 Ndithe ndakuva ukugwintwa kukaMongameli Kennedy, lo Myalezo wangena entliziyweni yam. Ndacinga, iyakwenza ntoni loo ndoda? Kwaye akukho ndlela yakuphuma kuloo nto ngoku. Usenokuba uphaphamile ngeli thuba waqonda ukuba yintoni na ezayo.

158 Kwaye uyakuphaphama ngexesha elithile. Apha, okanye kwikhasethi, nokuba uphi na, uyakuphaphama ngexesha elithile, moni, uqonde ukuba kukho iGazi ezandleni zakho, kwaye liGazi loNyana kaThixo, kwaye unetyala lokuMgwinta.

Isono sakho saMgwinta. Ukungakholwa kwakho kwiLizwi laKhe, ukusilela kwakho ukubona ukuqondakalisa kwaKhe, kumenze buhlungu wemka uMoya oyiNgcwele. Kwaye uyakwenza ntoni kungekuko ukuma kuMgwebo kaThixo, ukwazi okuyakukwehlela! Ewe, igazi likaJohn Kennedy elisezandleni zika-Oswald liyakuba yinto encinane, kuneGazi likaYesu Kristu elisezandleni zakho xa uyakube umi phambi koThixo.

159 "Ndimenzeni na uYesu ekuthiwa nguKristu?" Watsho uPilato. Wayebekwe kwizandla zakhe.

[UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulptini—Mhl.] Kwaye iGazi likaYesu Kristu libekiwe kwakhona kwizandla zeli bandla. Libekwe kwizandla zesi sizwe, nakweli hlabathi jikelele, apho la makhasethi athe afika khona, nezinto ezingqinelweyo zaqondakalaliswa nguThixo.

Ngoku uyakwenza ntoni ngalo Yesu obizwa ngokuba, "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade"? Uyakwenza ntoni ngaloo Yesu? Ingaba ukulungele ukuthabatha indawo yakho ecaleni kwaKhe? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

160 UPilato, nangento enye awayenzayo uPilato, kusele izinto ezintathu onokuzenza ngaYe. UPilato wazizama zontathu, waze wayiphosa. Amacebo mathathu osenokuzama ukuwenza, kodwa akasayi kusebenza. UPilato wazama ukuMsusa ezandleni zakhe. Kodwa xa ethe wabekwa kakanye ezandleni zakho, Usezandleni zakho. UPilato wazama izinto ezintathu ezahlukeneyo, zasilela.

161 Masijongane neenyaniso zokuba Usezandleni zethu. SiMbonile eLizwini laKhe. SiMbonile eZingqinela. Siyazi ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ngoko, andithethi kuphela kweli bandla lilapha kusasanje, kuba ndithetha kuphela kwamathandathu, amakhulu asixhenxe abantu, mhlawumbi, kodwa ndithetha nezigidi kweli khasethi liyakuya kwihlabathi jikelele. 'Yabona? Usezandleni zenu, nina basekhasethini, nokuba niphi na. Niyazi ukuba LiyiNyaniso. Ukuba anazi, ngoko nizimfama; aninakulibona iLizwi, ningenako ukumbona uThixo eLizwini. Kwaye Usezandleni zenu. Ngoku niyakwenza ntoni ngaYe?

162 UPilato wazama ukuMsusa, kodwa simele kukujongana neenyaniso. UPilato wayemelwe kukujongana naLo. Wayesazi. Wayevile.

Kulungile, uthi, "Andizange ndibone nanto yalo." ULivile, nakanjani na. UyaLiva ngoku. 'Yabona?

Wayefuna ukuba uYesu enze ummangaliso, okanye iqhinga, esenzela yena. Kodwa Wayengadlali maqhinga; Wayesenza kuphela njengoko uThixo wayeMxelela ukuba enze.

163 Uvile. “Ukholo luza ngokuva.” Unalo ukholo, waze wemka, waya ekususeni oko kwizandla zakho. Kodwa wayemelwe kukujongana nenyaniso, nakanjani na. Wenza njalo, kwaye ngokunjalo sijongene neenyaniso. Uqondakalaliswe ngokuzeleyo. Cinga, uneGazi loMntu ezandleni zakho!

164 Umntu umelwe kukukhangela xa enegazi lomnye umntu ezandleni zakhe. Khangela kwiinqwelo-moya. Umqhubi wenqwelo-moya xa eqhuba inqwelo-moya, ukhanga-khangela sonke isixhobo. Kuba? Unegazi lomntu othile ezandleni zakhe. Sonke isixhobo esincinane esinokuhlolwa, uyasihlola. Uyaphuma aze ayijike inqwelo-moya, u—u—udumisa i—i—imotor, injini, abone ukuba ifudumele. Aze avulele wonke umoya kuyo, abone ukuba oko kuvuthela ku—kuyakuba . . . ukuba kuyakubanakho na u—u—ukunyanzela, okanye kugibisele isiqhubi, kananjalo, ngomoya owaneleyo kangangokuba ibe nokusuka emhlabeni.

Nakhe nema, abaninzi benu, kwinqwelo-moya, okanye nahlala phantsi apho, ibe yonke inqwelo-moya leyo ishukuma emhlabeni, ngokusondeleyo. Uyinika konke enako, ukuze abe nokubona ukuba kukho nto ithile ingekho mgceni na. Ukuba iyakuphakama, iyakutshitshiza idume. Kodwa uyayihlola kwakhona, nokuba kuyakunyanzeleka ukuba ahlale apho okomzuzwana, ade abe uyihlolile kwakhona. Kwaye ukuba bathe balibamba ixesha lakhe kancinane, uyayihlola kwakhona.

165 Indlela iBandla elimelwe kukuba liyayihlola ngayo kwakhona, kwakhona, kwakhona, nakwakhona! Silindele uKuza kwaKhe. Siyavuka, silindele ukusuka. Kungcono sihlole ngeLizwi, hayi into eyathethwa ngumntu othile. Qiniseka ngokuba uyazi, ngokwakho, njengamava angawakho noKristu. Yihlole kwakhona, uphinde kwakhona, uphinde kwakhona.

Kuba? Unegazi lomntu ezandleni zakhe. Kungcono ahlole.

166 Uthini ngogqirha, phambi kokuba enze uqhaqho? Sineqela loogqirha elihleli apha phantsi ngale ntsasa. Qaphela, ukuba ugqirha, into ayakuyenza phambi kokuba angene kwigumbi lokunyangela. Ufuna umatshini wokuxilonga ngaphakathi emzimbeni. Ufuna ukuhlola igazi. Ufuna ukuhlola intliziyo. Ufuna ukubona ukuba unengqele na phambi kokuba akunike isiphelisi-zintlungu. Uhlola sonke isixhobo; uyazibilisa, ngokupheleleyo, ukuze aqiniseke ukuba akukho ziintsholongwane kuso. Wenza yonke into. Uyasihlola kwakhona, aphinde kwakhona, aphinde kwakhona, aphinde kwakhona, kwakhona. Kuba? Unegazi lomntu ezandleni zakhe. Ufuna ukuqiniseka ngenene ukuba yonke into ilunge kanye njengokuba inokulunga.

167 Kunjani ngawe? Kunjani ngawe, moni, uziva njani malunga naloo nto?

Ukuba negazi lomntu ezandleni zakho, uxanduva olunjengomqhubi-nqwelomoya, kwaye uyayihlola; ugqirha, kwaye uyayihlola; nantoni na eyenye, okuninzi kangako kweenzululwazi; xa unegazi lomntu ezandleni zakho, uyakwenza ntoni!

Xa umgwebi ezakuvakalisa isigwebo, khangela indlela azifunda ngayo ezo ncwadi, eziphinda phinda aziphinda phinde aziphinda phinde aziphinda phinde, kuyo yonke into encinane anokuyibona, phambi kokuba avakalise isigwebo. Kuba, unegazi lomntu ezandleni zakhe, kumelwe ukuba kubekho into apha yokuqinisekisa ukuba obo bubulungisa. 'Yabona?

168 Kunjani ngathi, xa siLibona liqondakaliswe ngokupheleleyo, ukuba, "Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade"? Ulapha. Usezandleni zethu. Usezandleni zethu. Usezandleni zakho! Uyakwenza ntoni ngaYe? "Ndimenzeni na lo Yesu unguKristu umthanjiswa?"

"Lenza ntoni Lona? Wazi njani ukuba LinguYe?"

Idinga lalo mhla, lo mhla siphila kuwo, kuninzi okuthethwa siSibhalo, i-iintshi ezininzi zaKo zimelwe kukuba zizalisekile, ezi-intshi zokugqibela zomhla wokugqibela. Kukho izinto ezikhoyo *apha* ezimelwe kukwenzeka, kwaye zizo ezo. Yintoni na? Kwaloo Kristu uthanjisiweyo, iLizwi elithanjisiweyo! Uyakwenza ntoni ngaLo? Ingaba uyakuLithengisa kwihlelo?

169 Ngoku wenza ntoni uPilato? UPilato wazama ukuMhlamba amsuse kwizandla zakhe, ngokuthi . . . Into yokuqala uPilato wazama ukuMhlamba amsuse ezandleni zakhe, ngokuthi, "Owu, Ulungile. Ungolungileyo." 'Yabona?

170 Uthi, "Owu, usizi olunguPilato." UPilato, abaninzi kakhulu bayamngcwalisa? Hayi, hayi, hayi! Wayesezandleni zakhe. Wayewuvile uMyalezo, wayelibonile iLizwi, kwaye Wayesezandleni zakhe. Kwaye Usezandleni zakho. Injalo loo nto.

Wenza ntoni? Wazama ukuthi, "Owu, kulungile, UyiNdoda elungileyo. Andifumani tyala kuYe."

171 Ukuba asi—a—asiyompendulo yabantu abaninzi kangako leyo namhlanje! "Owu, akukho nto iphosakeleyo kwiLizwi. Ndiyaqikelela ukuba lilungile. IBhayibhile ilungile, kodwa sikholelwa ibandla. Ihlelo lethu alivumelani naLo." 'Yabona? 'Yabona? Nalo udidi olunye lwabantu luzama ukuMhlamba asuke ezandleni zalo.

"Andifumani tyala kwiLizwi. Lalilungile kubapostile ngomhla wabo, kodwa siphila komnye umhla. Asiphili kumhla wabapostile, ke ngoko ke andimelwe kukwenza njengokuba benzayo abapostile. Andimelwe kukuba ndibhaptizwe

ngendlela ababhaptizwa ngayo; ndiphila komnye umhla. Andimelwe kukuba ndibe nezinto ababenazo; ndiphila komnye umhla. UMoya oyiNgcwele wawunikelwe nje elo qela."

172 AmaHebhere 13:8 aMbuyisela ezandleni zakho kwakhona, [Umzalwana Branham unkqonkqoza kathathu epulpitini—Mhl.] kungekho kuphepha! Ungqinelwe ngokupheleleyo, "Isekwanguye, izolo, namhlanje, nangonaphakade." Awunakuwuphepha. AwunakuMdlulisela kwesinye isigaba esithile. AmaHebhere 13:8 ayazigweba iingcinga zakho, aze aMbuyisele kwakhona ezandleni zakho. Ngoko uYesu usezandleni zakho, kanye njengokuba wayenjalo kwezikaPilato.

Khangela. Uthi, "Kodwa andazi." Kulungile, yintoni ophulaphulele yona?

173 UPilato wayengumhedeni. Inkosikazi yakhe yayingumhedeni. Kodwa uThixo, ukuyenza ibe bubulungisa loo nto, wathumela loo mfazo apho wathi, "Musa ukwenza nto kule Ndoda ililungisa." Yena wathi, "Ndihluphekile namhlanje." Kuba, kwakukusasa, kwakusebusuku apho, kwaye isinye samashumi amabini anesine eeyure kuthiwa yimini. "Ndibe namaphupha athile ngokuhlwanje, ngala Ndoda ililungisa. Musa ukuba nanto yakwenza naYo."

174 Ngoku wathi, "Kulungile, ngoko, ukuba kunjalo, ndiyakuMhlamba nje asuke ezandleni zam." Kodwa wayengenakuyenza loo nto.

Awunakuyenza nawe. Nje ukuba uve iNyaniso, umelwe kukuba Uyamkele okanye uYale. Akukho ndlela . . . Ewe, mhlekazi, umelwe kukwenza njalo. Iziyalo zeNkosi!

175 AmaYuda akhwaza, "IGazi lakhe malibe phezu kwethu; kuba siyakukholelwa ababingeleli bethu, inkqubo yethu yobuhlelo, kunokuba sikholelwe Yena."

Nantso ke. 'Yabona iindidi zabantu namhlanje? Kodwa zonke zimele kukujongana nomcimbi kaThixo. Nonke nimelwe kukwenza njalo, nakanjani na, umhedeni okanye nantoni na onokuba uyiyo. Ongakholwayo, umWisile, umBhaptizi, umRhabe, odikidiki, obandayo, oshushu, okanye nantoni na onokuba uyiyo, umelwe kukujongana nomcimbi ngendlela enye kanye. Nokuba uyafuna na okanye hayi, Usezandleni zakho. Injalo kanye loo nto.

176 Ngoko nabo abo bazama elinye icebo likaPilato lokuphepha umcimbi, ukuMdlulisela komnye uKesare. 'Yabona?

UPilato wathi, "Ngoku yima umzuzu. A—a—a—andifuni nto yakwenza naLo. A—a—a—a . . . Ngoku, UyiNdoda elungileyo. A—andifuni nto yakwenza naYe. Owu, ndi—ndiyakholwa koko ndikuvileyo. Andizange ndiMbone esenza ummangaliso, kodwa maninzi amangqina aKhe. Ndi—ndi—

ndiyakholwa ukuba UyiNdoda elungileyo. UyiNdoda elungileyo, 'yabona, kodwa—kodwa a—andifuni nto yakwenza naLo, mna. Ndi—ndi—ndinje . . . NdiyakuMhlamba nje asuke ezandleni zam. Ndiziseleni amanzi. Nonke ningamangqina apha." Ewe. Kodwa uThixo wayengqina, naye. Wayesezandleni zakhe.

177 Kwaye ngokunjalo Usezandleni zakho. 'Yabona, wena, uyazi ukuba ndithetha ngantoni na. 'Yabona? Asinguwe kuphela, koko neli khasethi. Usezandleni zakho. Uyakwenza ntoni ngaYe, lo Yesu kuthiwa nguKristu? UKristu liLizwi eliThanjisiweyo. 'Yabona? Uyakwenza ntoni ngaLo? NguMyalezo weyure. Umhla ufikile, uqondakaliswe ngokupheleleyo yiBhayibhile nanguThixo. Uyakwenza ntoni ngaWo? Uyakuwuphepha njani loo mcimbi ngoku? Uyakudlula njani kuwo? Usezandleni zakho! Kwaye ityala lika-Oswald liyakuba lelincinane, kwelakho, nangona ungumlungiseleli okanye nokuba ungubani na.

178 Loo maYuda ayengababingeleli, noorabi, abafundisi, amadoda angcwele; kodwa Wayesezandleni zawo ngendlela efanayo. WayeliLizwi, umcimbi kaThixo waloo mhla, kwaye basilela ukuWubona. Ngabanyuliweyo kuphela abaWubonayo, abo babekholwa kuLo.

179 Ngoku bonke bamelwe kukujongana naloo mcimbi. Kwisigaba ngasinye kwahlala kunjalo, lonke ixesha. Kuso sonke isigaba sika-Eva no-Adam, konke ukuhla ukuza kwisigaba sikaNowa, ukuhla ukuza kwixesha likaDaniyeli noBheletshetsare noNebhukadinetsare, konke ukuhla ukuya kungena kwixesha likaKristu, konke ukuhla ukuza kungena kule yure kanye siphila kuyo, kuhleli kuyinto enye, umcimbi weLizwi ufikile. Hayi imfundiso yabo, okanye ihlelo, hayi umgaqo, koko, umcimbi weLizwi uchasene nezo zinto. Ke, ngoku, Lisezandleni zethu ngoku.

180 Ngoko abo bazama elinye icebo likaPilato, lokwahlukana naYe, ngokuMdlulisela kumntu ongomnye. UPilato wathi, "Ngoku, uyazi yintoni? NdiyakuMsusa nje ezandleni zam. NdiyakuMhlamba asuke ezandleni zam ngala manzi. Ngoko ndiyakuthi nje . . . Ndimelwe kukuba ndenze into ethile ngaYe. Ngoko ndiyakwenza ntoni? NdiyakuMthumela ngaphaya kundlu-nkulu, nobhishophu." Ehe. Ewe.

Nantso into abazama ukuyenza namhlanje. 'Yabona? BaMthumele kuKesare. Loo nto ayizange iMsuse kwizandla zikaPilato, iMsuse nakwizandla zikabani na. Yenza ntoni? Yabuyela kuye. Ibuyela kanye kumntu ngamnye.

181 Uthi, "Kulungile, ndinganakho, ndinganakho ukuyenza loo nto. NdingaLamkela ukuba ihlelo lam Lingalamkela."

Ihlelo lakho likwiBhunga leeNkonzo, ligwetyiwe!

Bayakuthini ukuLamkela? Ibuyela emva, kanye kuwe. Asikoko kuthethwa lihlelo lakho; koko, ukuthethayo wena? BaLimangele; ngoku uyakwenza ntoni wena ngaLo? Nantso into elandelayo. 'Yabona? Loo nto ayiMsusi ezandleni zakho.

Ungqinelwe ngokupheleleyo. Ungqinelwe ngokupheleleyo, iLizwi lale yure, idinga lale yure hayi idinga leyure kaLuther; yayiliLo ngoko, yayiliLizwi kwisigaba sabahlaziyi. Njengokuba, nina nonke nawavayo amaTywina aSixhenxe, ekupheleni kwesigaba sabahlaziyi, iRhamncwa elinobuso obufana nobomntu (umbutho) likhutshwa; kodwa obu bubuso bokhozi. IRhamncwa elaphumela ukwenza isimemo namhlanje.

182 Yaye ungaba naso isibindi sokuthi elo yayingelo Lizwi liphefumlelweyo likaThixo, xa WaLixela kwangaphambili apha, waze wathumela phaya ngaphesheya e-Arizona waze waLibuyisela apha kanye, nenzululwazi ngokwayo nayo yonke enye into, yaqondakalalisa ukuba Linjalo! *Le* Ncwadi seyivuliwe, injalo loo nto, ilindele nje amaTywina aSixhenxe ukuba abonakalise ngoKuza kukaKristu.

183 Kulungile, Usezandleni zakho. Umele ukwenza into ngaYe. Musa ukuMsusa. Ewe, mhlekazi. Kule ndima, ndingathanda ukuthi, "ukuMdlulisela kumntu ongomnye."

"Ukuba ihlelo lam lingaLamkela, Mzalwana Branham, ndi—ndingaLamkela. Kodwa, uthi, umama wayengowale nkonzo." Wayephila kwisigaba sakhe; ongaphili kuso wena. Nguwe ngoku. Khangela into awanyanzeleka ukuba aphumele kuyo, ukuze enze oko wayekuko. Uthini ngawe? Kulungile.

184 Khangela. Uthi, "Umama wayengowenkonzo yoMoya. Wenza *okuthile-thile*. Waphuma embuthweni." Kodwa ndizama ukuthetha nawe ngoku. Uthini ngawe? 'Yabona?

Kweli qela, sifumana abaninzi abafundileyo. Ngoku, ndiyazi ukuba ndizakukhubekisa apha, kodwa oko andikwenzi ngabom. Ukuba ndenze njalo, ngoko ndi—ndimele kukuba ndiphaya ezantsi esiguqweni, ndiguquka. Ndikuthetha oku ngothando lobuthixo.

185 UYesu, xa Wayemi apho, babe abo baFarisi; wanyanzeleka ukuba athi, "Ningaboyihlo, umtyholi; imisebenzi yakhe niyakuyenza." Phofu wayebiza uxolo nenceba ngenxa yabo, emnqamlezweni, abo baMbethelelayo. 'Yabona, Wayengacaphukanga ngenxa yabo. Wathi, "Nzalandini yeenyoka." 'Yabona? 'Yabona? Yonke into, Wabaqalekisa ngayo yonke into Awayenokuyenza, 'yabona, waze wajika wabathandazela emnqamlezweni. 'Yabona? Yayingenguye Owayefuna ukwenza loo nto; yayingeyiyo loo nto, kodwa babemelwe kukuba bayibone impazamo ababeyenza.

186 Kwaye ndithetha kwaloo nto inye namhlanje, kweli qela

lo“kudlulisela iqashiso komnye umntu,” okanye into esiyibiza ngolo hlobo emkhosini, “ukudlulisela i-dollar komnye umntu.” Sizama ukuyidlulisela phambili, njengokuba u-Adam no-Eva benzayo.

U-Eva wazama. U-Adam wathi, “Ngumfazi Ondinike yena,” kwaye loo nto yayingekokuzithethelela kuye. ’Yabona? Umfazi wathi, “Inyoka indilukuhlile. Yena . . . Ibiyiyo ethe yaba nobudlelane bokulala nam. Indilukuhlile. Yenze *oku*.” Loo nto ayizange ilisuse kuye, konke. Baya ngqo emgwebeni, ngendlela efanayo. Ewe, mhlekazi. Kulungile.

187 Abanakuyidlulisa, omnye . . . Awunakuthi, “Ukuba ihlelo lingakholwa yile Nto, ndi—ndingakholwa nam. Kodwa, kudala ndikweli hlelo.” Loo nto ayinayo nenye into yokwenza noko. AmaYuda ayenaloo nto inye, ngokunjalo nawe.

188 Kwaye, qaphela, abaninzi kule nto, sifumana amadoda achubeke kakuhle kweli qela. Ngoku phulaphulisisa.

’Yabona, inkcubeko, le nto siyibiza ngokuba yinkcubeko namhlanje, yiloo nto uSathana awayivelisela u-Eva, ubulumko obuthe chatha. Wathi, “Amehlo akho akavulekanga, ngoko awuqondi konke ngale Nto.” Wayelazi iLizwi, kwakuphelele ke apho. Wayembonile uThixo engqinela elo Lizwi, kwaye loo nto yayimele ukuba ilungile. Wayemgcine kuBomi obunguNaphakade, okoko nje wayehleli nelo Lizwi. Wathi akwaphula elo Lizwi, wayenalo idinga likaThixo lokuba uyakufa mhla athe waLaphula. Kwaye, wathi akuLaphula, wafa. Injalo loo nto.

189 Sinalo iLizwi likaThixo elingqinelweyo apha, lingqina, liqondakalisa ngoMoya, ukuba Yena usamkele wasinika uBhaptizo loMoya oyiNgcwele. Sibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu. IVangeli enye, imiqondiso eminye, imimangaliso eminye, ulungiselelo olunye, kwa iNtsika yoMlilo ibonakalisa imiqondiso nezimanga. Akukho kuzithethelela naphi na.

Kwaye yiloo nto kanye eyathi iBhayibhile iyakwenzeka ngemihla yokugqibela, kwaye nangokokutsho kukaMalaki 4, “ukubuyisela uKholo lwabantwana emva kooyise kwakhona.” Ukuze kanye emva kwaloo nto, abangendawo bahambe . . . okanye amalungisa aphume anyathele phezu kothuthu lwabangendawo; ihlabathi lonke laliyakuba litshile. Kwaye ii-atom ziyajinga phaya ngaphesheya, iziqhushumbisi zixhonyiwe.

190 Nayibona into eyenziwa yiJamani njengokuba ifumanise ukuba uMonga-. . . uMongameli uhlaselwe? Bawuhlanganise ngokukhawuleza ndaweninye umkhosi wabo, ngokuba ibiyiloo nto kuphela ibiyibambile iRussia ekubeni iqhushumbise phaya. Baze babetha . . . UKennedy uthumele nje iLizwi, lokuba, ngeyure abathe benza loo nto ngayo, ukuba uyakubatshayela bangabikho emhlabeni, baphume kanye apho eJamani. ’Yabona? Kwaye bebecinga ukuba bangayithabatha,

kodwa yayingekabi yiyure, 'yabona. 'Yabona?

191 Sifumana izilumko, abashumayeli abafundileyo, abavangeli, bezama ukuLidlulisela komnye umntu. 'Yabona?

Kutheni, kwakutheni ukuze uPilato angathi, "Kulungile, yima umzuzu, le Ndoda . . . le nkosikazi izile yandixelela, kwaye ndive ubungqina obuninzi ngaWe. Uyazi, ndi—ndinomdla. Ndingathanda ukufumanisa. Ndingathini ukuze ndibe noBomi obunguNaphakade, Mhlekazi? Usezandleni zam. Ndingenza ntoni?" Kulungile, wayeyakuthi—wayeyakuthi . . . Wathi, "Ingaba—ingaba unguYe na uMesiya? U—unguYe na u— uKumkani wamaYuda?"

192 Wathi, "Nawe utsho. Ukuthethile."

"Okanye, sixelele, ngenene, unguYe na uKumkani wamaYuda?"

Wathi yena, "Ndazalelwa loo nto."

Wathi, "Andifumani tyala kuYe." Aha. "Kulungile, ndizakuMhlamba nje asuke ezandleni zam."

193 Wamphendula, kodwa akazange abe nakuLamkela. Kuba? Oko kwakuyakuthoba umgangatho wakhe. Ngoko wacinga ukuba angathumela kumfundisi wesizwe, abone ukuba uyakwenza ntoni na ngaLo. 'Yabona?

194 Yintoni enye ngoku, umcimbi uyavela kwakhona. Uyakwenza ngaLo, iLizwi? Yintoni omelwe kukuyenza, kukucela umveleli, okanye ubhishophu, okanye omnye umntu, ngokuba awunakuyitshintsha imbono yakho yobhaptizo, ungenza *oku*, okanye wenza *oku*? Ubona ngolo *hlobo*, kwaye, "Ngokuqinisekileyo, awungekhe." Umdlulisela kanye kuwe kwakhona. Ukuba wenza njalo, uyakukhatyelwa ngaphandle. 'Yabona?

195 Oko kuthoba umgangatho wabantu. Ewe, ba—bacinga . . . Kwaye ibhunga lobuhlelo alinakuma . . . Njengo—njengoPilato eLidlulisela kuKesare; babengenakumelana naLo. UKesare waLibuyisela ezandleni zikaPilato. Ngoko bazama ukuMdlulisela kwelabo—kwiintloko zabo zobuhlelo, kwaye oko akusebenzi. Eli qhinga alizange lisebenze, kwaye alisayi kusebenza. Alizange limsebenzele uPilato; alisayi kukusebenzela; alisayi kumsebenzela nomnye umntu. Ngoku, okwesibini into onokuyenza kuthi . . .

196 Okwesithathu, gxebe, kukuMamkela okanye uMale. Awunako ukuMhlamba asuke ezandleni zakho. Awunako ukuMdlulisela kwinkqubo eyenye, okanye kwinto ethile eyenye. Umelwe kukujongana nomcimbi. Ngoko ungenza ntoni?

Njengokuba uPilato, wayemi naloo nto inye, wathi, "Ndinikeni amanzi, ndiyakuLihlamba lisuke ezandleni zam,

ukuze kuqondakale!" Wathi akubuya, kwabe kusafanele ukuba adlulise isigwebo; oko kwakungamthetheleli. Wazama ukuthi, "Kulungile, mna, ukuba andinakuMsusa ezandleni zam, ndiyakuMbeka kwizandla zikaKesare." Laze Labuyela kuye, kanye kuye kwakhona.

197 Yenza loo nto kuwe kananjalo, njengomntu ngamnye. Uyakwenza ntoni? Asikoko kwenziwa ngumama, oko kwenziwa ngutata, oko kwenziwa ngumlungiseleli, oko uMzalwana Branham akwenzayo, oko nabani na; Lisezandleni *zakho*! Uyakwenza ntoni ngaLo, ngalo Yesu kuthiwa nguKristu? Kuba, uneGazi ezandleni zakho, kwaye LiGazi likaThixo. Ngoku uzakwenza ntoni? Uyakuba netyala lokubethelela. 'Yabona?

198 UngaMbethelela, wamkele imfundiso okanye nantoni na oyifunayo, okanye uthi, "Kulungile, ndizakudlulisa nje kusuke. Andiyikuba nanto yakwenza nayo nayiphi na le nto yenkonzo." Awunakuyenza loo nto. Usezandleni zakho. Injalo loo nto. Awunakuyenza loo nto. "Ndizakuyilibala nje yonke le nto." Awunakukwenza oko. Lisesezandleni zakho. "Kulungile, ndizakuthi nje, 'Umlungiseleli wam wandifundisa *oku*.'" Buyela emva, emva kanye. Kuza kuwe. Uyazi. Ngoku, kuphakathi kokuba umaMkele okanye uMmangale, kanye nokuba yeyiphi na indlela ofuna ukwenza ngayo. Yintoni? Kumele kufike kwenye yazo.

199 Ngoku yintoni? Njengokuba uYesu watshoyo kwaba baFarisi, Wathi, "Njengokuba ningabaFarisi abazimfama," 'yabona, nguBani onokuthetha kwaloo nto inye namhlanje, "zimfamandini zabafundisi bokholo, ninakho ukucalula ixesha lobukomanisi. Niyilwa kangako loo nto, nibe nisazi ukuba uThixo uvelise kwaloo nto inye ukuze initshabalalise." 'Yabona, ningazazi iZibhalo. 'Yabona? "Nina, ninakho ukucalula ukuba ubukomanisi buyakulithabatha ihlabathi. Ninako ukuyibona loo nto. Ninokuyicalula loo nto."

200 Zonke iingongoma zethu zingobukomanisi. "Bethani ubukomanisi buphume!" Ndiyiva oko ndide ndigule kukuyimamela. Ndichasene nabo, nam, ngokuqinisekileyo, ndichasene nabo. Kodwa ndichasene ngokungaphezulu nendoda okanye umfazi oyakwala uYesu Kristu, iLizwi. Okanye, nokuba ungumshumayeli nokuba uyintoni na, unetyala ngakumbi kuKristu kunokuba laa mkomanisi enjalo. Akazi kwaye akukho nto ayaziyo ngaLo. Wena umelwe kukuba uyazi. 'Yabona? Unako ukucalula ixesha lobukomanisi, kodwa awunako ukucalula umqondiso womhla ophila kuwo.

201 UYesu wabaxelela abo baFarisi, wathi, "Bahanahanisindini!" Wathi, "Nihamba niphume nikhangele esibhakabhakeni, nize nithi ilanga libomvu liyehla, ngomso

kuyakusibekela. Ngokuba isibhakabhaka sizolile," wathi, "nithi ngomso iyakuba yimini ezolileyo." Wathi, "Ninako ukucalula imiqondiso yexesha, okanye imiqondiso yezulu nemo-zulu, kodwa imiqondiso yexesha aniyazi." YayinguYe lowo uMesiya, beMala.

Kwaye sihlala sithetha ngobukomanisi nokokunye oku kwale nto, kodwa, umqondiso wexesha, asiWufumani. 'Yabona? Sijonga ngapha kwawo, siyawuqakatha. Simanyana sihlanganiselana kanye ngoku ekungakholweni, kwaye bayayamkela loo nto, kodwa bayasilela ukuqonda nokubona umqondiso wexesha eyathi iBhayibhile uyakubakho.

NiYifumene? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndimelwe kukuvala, ngokukhawuleza kakhulu ngoku. Liyemka ixesha, 'yabona.

202 Njengokuba benzayo ooyise, benza njalo nabo, yinto enye namhlanje. Ngoku, isigqibo kufikiwe kuso. Kumelwe kukuba kufikiwe kuso. Kumelwe kukuba kufikwe kuso. Kumelwe kukufika ngaso, ngandlela ithile. 'Yabona? Ukubethelelwa kweLizwi kwakhona, okanye uzakwenza ntoni? Ukubethelelwa kweLizwi kusondele. Bethelela umise iLizwi elingqinelweyo, ngenxa—ngenxa yesizathu sobuhlelo, njengokuba wenzayo uPilato, ezama ukudlulisela komnye umntu. Ngoku uyakuthini wena, njengomntu ngamnye, uyakwenza ntoni ngeLizwi elithanjisiweyo ekuthiwa nguKristu?

Isekwanguye izolo, uKristu omnye owathambisa iLizwi ngemihla kaNowa. Loo Kristu mnye, loo—loo Mthi wawuphakathi eMyezweni wase-Eden; awathi u-Eva wawushiya, esidla kuloo Mthi woBomi, wayakuthabatha umthi wolwazi; yena, washiya uMthi woBomi, ukuya kuthabatha umthi wokufa. Ixesha likaNowa lenza kwa into enye. Ngemihla yabaprofeti, benza kwa into enye. Ngemihla kaKristu, benza kwa into enye.

Kwaye naba namhlanje. Ukuze ngamnye athethe ngexesha lakhe, kwaye, xa loo nto izaliseka, xesha ngalinye bathabatha izizathu zabo zobuhlelo, njalo njalo, nobulumko behlabathi endaweni yeLizwi elithanjisiweyo likaKristu. Uyakwenza ntoni wena, njengomntu ozimeleyo?

203 UPilato akazange abe nokuMsusa ezandleni zakhe. Ndi—ndiyavbala, ngoko zolani nje okomzuzwana. UPilato akazange abe nakuMsusa ezandleni zakhe. Nawe awungekhe, ngendlela awenza ngayo, ezama naliphi na lala macebo. Akazange abenako. Uyazi ukuba yintoni eyenzeka kuPilato? Walahlekwa yingqondo yakhe. Kwafikelela ekubeni ukuba konke awayenokukuva ibe kukubethelelwa. Konke awayekuva yayikukuduma, wade ekugqibeleni waphambana.

204 Kwaye banentsomi phaya phezulu eNorway, okanye akukho khona . . . Uxolo. Phezulu eSwitzerland; apho, ndakhe

ndenyukela phaya, ndingumseki-mabandla. Banga ukuba ngamawaka ahlanganisana phaya, esuka kwihlabathi liphela, ngoLwesihlanu oNgcwele; kukho umngxuma wamanzi apho uPilato wazibulala khona. Ekugqibeleni waziphosela ekufeni kweli qula lamanzi. Kwaye babanga ukuba ngoLwesihlanu oNgcwele ngamnye, intsimbi yesithathu emva kwemini, amanzi ajika abe luhlaza okwesibhakabhaka, ayabila esuka kulaa ndawo wawukuyo umzimba kaPilato. WaLimangala. Kusekho iGazi ezandleni zakhe. Kwaye waLala, wala; amanzi.

Awunakho ukuMhlamba asuke ezandleni zakho. Akukho manzi, akukho sepha yakuxovula, inokuLicoca lisuke. Usezandleni zakho. Uyakwenza ntoni ngaYe?

205 Nantsi into ekukuphela kwayo onokuyenza. Kukuba ukuba awunakuMhlamba asuke ezandleni zakho; awunako ukuMdlulisela kwenye into; awunako ukudlula nje ngokuyintsomi kuloo nto. Akukho ndlela ehlabathini. Inye kuphela into onokuyenza kukuLamkela, lingene entliziyweni yakho. Nantso indlela yokwahlukana naYe. Mthabathe Umsuse ezandleni zakho uMfake entliziyweni yakho, okanye uMyeke esezandleni zakho umelane noMgwebo. Yiloo nto ekuphela kwayo onokuyenza.

Isiphelo sikaPilato sasisesoyikekayo.

206 ILizwi lithi aba baMgcina ezandleni zabo... BendizakuLifunda. Kodwa Lithe, “Bakhala kumawa neentaba. Bathandaza, kodwa imithandazo yabo yayisemva kwexesha kakhulu.” ’Yabona? Bakhala, “Sifihleni ebusweni baLowo uhleli phezu kweTrone, nakwingqumbo yeMvana eyaku... nemvu eyinkunzi, uBomi beMvana obuyakuza. Kuba, uMhla omkhulu woMgwebo wenzekile, ngubani na ke oyakuma?”

207 Ucinga ukuba uyakwenza ntoni u-Oswald xa eyakube ehamba ephuma phambi kweNkundla ePhakamileyo, ebona loo mehlo anomsindo we—wesigqeba sabagwebi nabo bonke behleli apho? Uyayazi into eyakwenzeka. Kuyakubaphakathi kokuba ligumbi lesintywizisi, okanye intambo ejinga phaya, okanye enye into. Umelwe kukujongana naloo nto.

208 Kodwa kuyakuthini ukuba uphume apho uneGazi ezandleni zakho, ngenxa yokwala? Ube usazi ukuba isihogo siphambi kwakho, intshabalalo Ezingapheliyo; ulilela amawa neentaba; kodwa uthandazile, ngenxa yokuba imithandazo iphelelwe lixesha.

KumaHebhere 10, “Ukuba sithi sone ngabom.” *Isono* kuku “ngakholwa.” “Ukuba sithe asakholwa ngabom emveni kokuba siyamkele iNyaniso, ukuyazi iNyaniso.” Awumelwe kukuba uYamkele; yazi nje ngaYo. Awumelwe kukuba ube naYo, umelwe nje...Owu, hayi. ’Yabona? Ayitshongo ukuthi, “Emveni kokuba samnkele iNyaniso.”

...ukuba sithi sone ngabom emveni kokuba...

sakwamkelayo ukuyazi iNyaniso, akusasele dini ngenxa yezono,

Koko u—ukulinda okoyikekayo . . . kwengqumbo yomlilo, . . . eyakudla abo bachasayo,

. . . Ngokuba uThixo uthe, Impindezelo yeyaM, kwaye ndiM *umphindezeli, utsho—utsho uYehova.*

209 Ukuba asiyikholelwa loo Nto, ngabom, emveni kokuba iNyaniso izisiwe kuthi, akusayi kubakho nceba siyakuyinikwa.

Mlungiseleli, ophulaphule eli khasethi, ungathini ngaloo nto? Lungu lebandla, eliphulaphule eli khasethi, uthini ngaloo nto? Uyakwenza ntoni wena, ukuba sithi singaLikholwa ngabom? AwunakuLihlamba lisuke ezandleni zakho. Awunako ukuLidlisela kundlu-nkulu. Limelwe kukubuyela umva, libuyele kuwe. ULivile. Uthini ngawe? Uyakuma njani ngaloo Mhla?

Uphakathi kokuba abe sezandleni zakho okanye entliziyweni yakho, yenye kungenjalo enye. UThixo makasincede.

210 Ukuba—ukuba ungaqikelela nje ukuhlaselwa, nento ekumele ukuba iyaqhubeka entliziyweni yalaa ndoda. Yenze ntoni? Iphaphame sekusemva kwexesha kakhulu, emva kokuba iyenzile loo nto.

Khangela, ibinalo ithuba. Yayizelwe inguMmelika okhululekileyo. IbinguMmelika. Kodwa ifune ukuthengisa ngobuzibulo bayo, ukuze ibe ngumRussia, yaze loo nto yabuyela kuyo. Yatshata intombi yaseRussia. Ngoku ingocinga-khululekileyo weqela lobukomanisi laseCuba.

Ukucinga-khululekileyo, "Ndizenzela okwam ukucinga." Awunayo kwangcinga izayo. Uyakwenza ntoni ngoYesu ekuthiwa nguKristu? Awungomcingi-ngokukhululekileyo. Akukho kucinga ngokukhululekileyo. Ingcinga eyayikuKristu mayibe kuni.

Masithandaze.

211 Cinga ngezi ngcinga, "Ukuba kukho ukudunyiswa, ukuba kukho isidima, cinga ngaloo nto." Phakathi kwethu ngale ntsasa, nakweli khasethi, kananjalo, ndithetha kulo. Ukuba ulapha ukho ngale ntsasa, ube usazi ukuba awulungisanga kuThixo, ube ungazalwanga ngoMoya waKhe, kwaye uThixo wenzile . . .

Uthi, "Kulungile, ndenze isivumo sezono." Asiyiloo nto le ndithetha ngayo. Ingaba uThixo usamkele? Unganako uthi, "Ewe, mna, ndenze isivumo sezono, njalo njalo. Ewe, ndiyakholwa." NoPilato, wenza njalo, "Ndenze isivumo sezono, ngokuqinisekileyo, 'Ndiyenzeni na le Ndoda ililungisa?'" Awunako ukuYihlamba isuke ezandleni zakho ngolu hlobo. Hayi, hayi.

212 Uyakwenzani ngaYo? Ukuba awunguye uMkristu ozelwe ngokutsha, unoMoya oyiNgcwele ophila ngaphakathi kuwe, ebutyebisa uBomi bakho, ngoko kutheni ungaMthathi ngoku nje? Awunakuze ukuhlambe Oku kusuke ezandleni zakho. Awunakuze ukuve okokugqibela okwalo Myalezo. Uyakuhlala unkenteza ude ungenise uMyalezo entliziyweni yakho, ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

213 Ukuba esi sihlwele sibonakalayo ngale ntsasa, kuyakubakho apha abo bayakuyiqonda loo nto, ukuba abalunganga, baze baphakamise izandla zabo. Asinandawo yakubizela ngaphambili, le ndawo izele kakhulu. Kodwa yithi, "Ndithandazele, Mzalwana Branham. UThixo makandincede." UThixo akusikelele, ndiyasibona isandla sakho. "Yiloo nto, endiyifunayo, ngoku. Kanye apha ndiyafuna, phambi koThixo, Yena waziyo ukuba ndinetyala, kwaye ndiyaqonda ukuba ndinetyala. Ndi—ndiyaMfuna ukuba asuke ezandleni zam; ndiMfuna ngaphakathi entliziyweni yam." Phakamisa isandla, uthi, "Ndithandazele, Mzalwana Branham." INkosi ikusikelele. Ndiyabona, kweli nani labantu lilapha, mhlawumbi ngamashumi amane, ngamashumi amahlanu ezandla eziphakamileyo apha.

Ubiza namhlanje,
Ubiza namhlanje,

Cinga ngaloo nto ngoku, nguYe lowo ubizayo. UYesu uyabiza. NguYesu uyabiza. NguYe lowo uthetha nawe.

214 Ingaba wone ngokukhulu olo hlobo, ngokude intliziyo ibe idumbe olo hlobo, ude ungabinakho, ungabinakho ukuba saMva kwakhona? Ngethuba elithile, inkwenkwe encinane okanye intombazana encinane, wakhe waMva. Wawunqwenela ukuyenza loo nto, kodwa waYibekela bucala, waze wafuvumala nje wawenza adumba loo manxeba noko kutsala. Ingaba kukude kakhulu kangangokuba ungabisaMva kwakhona? Ingaba umi apho . . . unesakho . . . kwindawo enjengaleyo u-Oswald emi kuyo ngale ntsasa, ube usazi? Ehe! Ungathini ukuyenza loo nto?

Ingaba kuyakubakho omnye phambi kokuba sivale ndize ndinikele ngomthandazo? Naphi na nje apha esakhiweni, ongakhange asiphakamise isandla sakhe, athi, "Mzalwana Branham, ukusukela nje kwilizwi lokugqibela olithethileyo, ndi—ndiyayiva loo nto." Nabani na, phandle, kumangqameko, jikelele ezifestileni, naphi na, akunamsebenzi. Nje . . .

215 UThixo akusikelele, nenekazi eliselula. UThixo akusikelele, mhlekazi, wena. Ndikubonile. Use . . . UThixo akusikelele, nkosazana. Omnye umntu? UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, apha. NoThixo akusikelele ngapho nkwenkwe encinane, ntombazana encinane, ewe, iNkosi ikusikelele. Apho emva, mhlekazi. Ewe.

Ngoku masicinge nje ngaloo nto ngoku. Ndifuna ukwenza le nto okomzuzwana ngeli thuba sicula ngokuthambileyo eli, *UYesu Uyabiza*. Ngoku ndifuna ukuba ukuthi nje, "Nkosi, yiba nenceba, mna moni, okanye ozenzisayo. Ndililungu lenkonzo, Nkosi, kodwa ndi—ndi—ndiyaKufuna. Ndifuna Wena. Ndincede! Ndiya—ndiyakuKukhonza. Ndiyathembisa, khona ngoku. Ndisiphakamisile isandla sam, ukuthi ndiyaKufuna. Ngoku Phakamisa intliziyo yam, ukuze ndikwamnkele, kwaye ndiyakuKwamnkela ungene entliziyweni yam." Ngeli thuba sicula le vesi kwakhona, ingaba ungenza njalo?

Uyabiza namhlanje,
Uyabiza namhlanje,

216 Ngoku thandaza ngeyakho indlela. Thandaza ngoku. "UYesu uyabi-. . ." NguYe lowo uthethayo. Naso isizathu sokuba ube uphakamise isandla sakho.

. . .-zola uyabiza namhlanje.
UYesu uyabiza, Owu phulaphula iZwi laKhe;
Mve. . .

Khona ngoku, Mve. Uthi, "Nkosi, ndinetyala. IGazi lakho lisezandleni zam. Ndingumoni. AndiLifuni ukuba libe kho kwakhona. Andinako ukuLihlamba lisuke; ndizamile, iminyaka. Andizi kuKumangala umke njengokuba wenzayo uPilato, waze wazama ukuKuthumela komnye umntu. NdiyaKufuna ngena entliziyweni yam, kanye ngoku, Nkosi. NdiyaKwamkela. NdiKubona umi kanye phambi kwam, ngokomfanekiso omi phaya; ngokholo ndiyahamba ndingena kuWe kanye, ndisazi ukuba Uyandixolela. Kwaye mna. . . Uyakuba sentliziyweni yam, ukusukela ngoku ukuya phambili."

. . .namhlanje, (wonke umntu athandaze)
UYesu uyabiza,
Ebiza ngokuzola namhlanje.

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u-*Yesu Uyabiza*—Mhl.]

217 Bawo oseZulwini, lo Myalezo mncinane uphelile. Ke ngoku, izigqibo, iinkundla zilungisiwe kusasanje. IiNgelosi zihlanganisene ngaphakathi egumbini. UMoya oyiNgcwele omkhulu unika ukungqinelwa ukuba uYesu usaphila. Yayinguye umthombo woBomi obunguNaphakade. Ingcwaba alizange libe nakuMbamba, nesihogo asizange sibe nakuMgcina. Wenyukela phezulu; ekhululekile kwelabafileyo, ekhululekile kwingcwaba. Kwaye Umi phakathi kwethu, namhlanje.

Kwaye iimfundiso zethu namahlelo abophe abaninzi babantu bakuthi, Nkosi. Isono sibabophile, kodwa namhlanje bafuna ukukhululeka. Bemi njengoPilato, kwaye endaweni yokuzama ukuMdlulisela komnye umntu, baphakamise izandla

zabo, “Ngena ngaphakathi entliziyweni yam, Nkosi Yesu. Andisayi kuKuhlamba usuke kum kwakhona. Andinakuyenza loo nto. Usesezandleni zam. Ndihlambe nje ndahlamba, waye Awukhange usuke, kodwa ngoku ndiyaKwamkela. Kwaye ndiyaKufuna kuBomi bam, ndaye ndiyaKwamkela ungene ebomini. Nkosi, ndamkelele kuBukumkani baKho, ngokuxolelwa kwezono zam, undinike ukholo lokukholwa ukuba Uyandamkela, Bawo.” Ndiphe oko. NgeGama likaYesu Kristu, siyathandaza.

218 Kwaye ngoku iintloko zethu sizithobise njalo. Ukholo, ngokholo . . . “Kwaye, Thixo, ndincede ukuba ndinyaniseke. Kodwa ndisazi ukuba Wena wathembisa ukuba . . . ”

“Lowo uzayo kuM, Andisayi kumlahlela phandle. Kwaye Ndiyakumnika ubomi obunguNaphakade, ndaye Ndiyakumvusa ngemihla yokugqibela. Lowo uyakuNdivuma phambi kwabantu, ndiyakuMvuma phambi koBawo waM neeNgelosi ezingcwele. Lowo uvayo,” okwenene, ukutolikwa kwenene kukaYohane oNgcwele 5:24 apho, kuthi, “lowo uqondayo, lowo ulamkelayo iLizwi laM. Lowo ulamkelayo iLizwi laM, akholwe nguLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kubizelwa eMgwebeni.” Awusayi kuya kwiQonga loMgwebo njengokuba eyakwenza u-Oswald. “Koko udlule,” ngokuxolelwa ngesisa, “ekufeni wangena eBomini.”

219 “Nkosi, andazi ukuba njani na, andazi ukuba kutheni na, kodwa—kodwa ndiyakholwa ukuba kwenzekile. Ndiyakholwa yiloo nto entliziyweni yam, ukungakholwa kwam kumkile. Ndingatsho ngokukhululekileyo ndithi “amen” kulo lonke iLizwi Olithethayo, kwaye ndiyaLamkela khona ngoku. Ndikholwa kulo.”

220 Ngoku iintloko zenu zithotyiwe. Nina nikholwayo yiloo nto, beniphakamise izandla zenu kwimizuzu embalwa edlulileyo; nibona ngokholo umfanekiso kaKristu umi apho, enimelwe kukuba nibe kuwo. Niyahamba ngoku ngokholo, nikholwa ukuba izono zenu zixolelwe. Kwaye ukusukela kule mini ukuya phambili, nilungele ubhaptizo loBukristu, kwaye nilungele ukuhamba ningene kuKristu. Ningathi, njengobungqina kuYe, niphakamise izandla ukuba khona ngoku, nithi, “Ngokholo ndiyakholwa kuLo ngentliziyo yam yonke”? UThixo anisikelele. Ilungile loo nto. “NdiyaLamkela ngoku. Ndi—ndiyamkela; akukho nto ndinokuyenza.” UThixo anisikelele. Kukhangeleka ngathi wonke umntu endimbonileyo. “Ndiyamkela ngoku.”

221 ’Yabona, awulunganga, awuzange ulunge, awunakuze ulunge, koko uYesu wafela abantu abangalunganga. “Ndimelwe kukwenza ntoni, Mzalwana Branham?” Yamkela

nje oko Wakwenzayo, yamkela oko Wakwenzela kona. Ngokukholwa kuLo nokuLamkela . . .

Ngoku, ndiyakholwa, umlungiseleli, iqula lizakuvulwa. [UMzalwana uNeville uthi, "Ewe."—Mhl.] Luza kuqhutywa ubhaptizo, ukuba ufuna ukubhaptizwa.

Ukuba wathabatha izihloko, "UYise, Nyana, Moya oyiNgcwele," wenzile ngenene . . . Ndithetha oku ngokuhlonela nentlonipho, kodwa, kweyam indlela yokuyibona, awubhaptizwanga. Awubhaptizwanga, kuba awukwenzanga oko Wakuthethayo.

222 Wathi, "Nibabhaptize eGameni lo Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele." Ukuba uthabathe nje ezo zihlonipho zabizwa phezu kwakho; akazange athi, "Bizani ezo *zihloko;* hambani niye kubiza loo *magama.*" Ayizange yenziwe loo nto eBhayibhileni. Ayizange yenziwe ngaloo ndlela. Yayikukuthi, "Nibabhaptize ngendlela uYesu awathi, 'eGameni loYise, Nyana noMoya oyiNgcwele," elinguYesu Kristu.

223 UPetros, enezitshixo, wathetha kwaloo nto inye; wonke umpostile ongomnye, iBandla liphela; kwade kwakwiBhunga lakuqala laseNicaea apho ibandla lobuKatolika laseRoma lazibumba khona, lamkela izihlonipho endaweni yeGama. Kuphakathi kokuba ubhaptizelwe kumgaqo waseRoma wehlelo, okanye ubhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, enye kungenjalo enye. Lisezandleni zakho; awungekhe uLihlambe lisuke. Likho.

ULamkele ngoku. Ndizakunicela njengokuba u—njengokuba umdlali wepiyano eyakutyhila kwela culo lidumileyo lidala.

Lukhangela kuWe,
Mvana yeKalvari,
Msindisi oNgcwele;
Ngoku ndive xa ndithandaza,
Ususe lonke ityala lam,
Ndenze kusukela namhla
NdibengoWakho ngenene!

224 Makungabikho namnye oshiya esi sakhiwo. Ngokuhlonipha nje yimani ngoku, masiphakamisele nje izandla kuYe ngoku.

Ukholo lwam lukhangela kuWe, (kwaye Yena ulilizwi)
Mvana yeKalvari,
Msindisi oNgcwele;
Ngoku ndive xa ndithandaza,
Susa sonke isono sam,
Kususela namhla

Ngokupheleleyo, ngokupheleleyo nokugqibeleleyo,
ndibengowaKho!
Ngoku ndinikela ubomi bam.

225 Amanzi azakube elungile kwimizuzu embalwa. Ukuba awunakulithabatha ubhaptizo ngoku, siyakubhaptiza kwakhona ngokuhlwa.

Cinga ngalo, ngale njikalanga, "Lisezandleni zakho." Lisuse. Inye indlela onokukwenza ngayo oko, kukuthi, uzihlambe eGazini likaYesu Kristu, yena u . . . 'Yabona? Ewe, mhlekazi. Yikhumbule loo nto ngoku njengokuba sithoba iintloko zethu. Khangela kuYe ngoku.

Xa udada lobomi . . .

226 Isigqibo sisentliziyweni yakho ngoku. Usematyaleni. ILizwi lilungele ukubethelelwa. UKristu uyancinwa. Uyakwenza ntoni ngoYesu ekuthiwa nguKristu?

Yiba nguMkhokeli wam Wena;
Yenza ubumnyama bube yimini,
Sula iintsizi, iinyembezi zimke,
Mandingaze ndimke
KuWe ndiye ecaleni.

Ngoku sithobe iintliziyo kuloo nto. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u*Lukhangela KuWe Ukholo Lwam*—Mhl.]

227 Cingani nzulu, sihlobo. Kungenzeka ukuba igama lakho lelokugqibela eliyakungena eNcwadini. Sikwixesha lokugqibela. Ngoku cinga nzulu ngenene. Ingaba wenze njalo, ingaba kukho ubani apha othe waMala?

228 Khumbula, lisenokungafiki kwakhona. UPilato akazange abenalo elinye ithuba. Wazama ngako konke anako ukuba asindiswe, kodwa akazange abenako. Lalisezandleni zakhe. Kwaye uyakwenza ntoni ngeLizwi elithanjisiweyo lalo mhla, ekuthiwa nguKristu?

Ndimenzeni Na UYesu Ekuthiwa NguKristu?, Umq. 8 Inani 2
(*What Shall I Do With Jesus Called Christ?*, Vol. 6 No. 6R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla 24 kuNovemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1999 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org